

ITYWINA LEPASIKA

🦋 Ngokuqinisekileyo yinyhweba ukuba lapha ngale ntsasa, ngolu suku lokuzalwa lwesahluko saMadoda angooSomashishini beFull Gospel apha ePhoenix, nokwazi ukuba iNkosi indinike inxenyane encinane yayo, ukuba ndibe yinxalenye yobu budlelwana. Ndifuna ukubulisa uMzalwana uCarl Williams nenkosikazi yakhe, uMzalwana uStromei, bonke apha eqongeni, Mzalwana Shores, Mzalwana u-Outlaw, abalungiseleli, nani nonke bantu balungileyo.

² Niyazi, bendi—ndinosuku lokuzalwa kwiveki ephelileyo, nam. Kwaye ndimdala kancinci kunesahluko. Ndiyakholwa wathi, “Emihlanu kunye . . . iminyaka ubudala, kwisahluko.”

³ Umntu othile wathi, ngenye imini, wathi, “Umdala kangakanani, Mzalwana uBranham?”

⁴ Ndathi “Amashumi amabini anesithandathu.” Ndaze ndathi, “Ndayicima iminyaka engamashumi amabini anesihlanu yokuqala. Andizange ndiMkhonze kakuhle kangako kuyo.” Ndathi, “Ndiyathemba ukuba Uyakwenza njalo, naye.” Ukumenza Yena ukuba ayenze kuya kwahluka.

⁵ Kodwa kuhle ukuba lapha. Kwaye ngoku sifuna ukungathathi ixesha elininzi lenu. Ngokuba thina . . . ndi—ndihlala ndisoyika, emva kokuba ndive obunye bobu bungqina bulungileyo, nezinto eziqhubekayo, ukuba ndi . . . kunye neengoma, ukuba ndiya kwenza into eya kuyiphazamisa loo nto. Kwaye bendifuna ukongeza kuyo, ukuba kukho nantoni na endinokuyongeza kuyo. Aba dade . . .

⁶ Laa mzalwana ocule iculo ngale ntsasa, lo mzalwana ontsundu, ndiyayivuyela loo nto, *Iliso Kungqabe*.

⁷ Kunye naba dade abathe bacula le ngoma, ibiyenye yoncedo lwam oko ndilapha okokuqala. Ndinayo loo nto. Ndiyifumene kwirekhodi, kwaye ndiye ndayidlala nje, *Ndingathanda Ukuyithetha Iphele Naye*. Kwaye ndibuze uMzalwana uDawson Riley phaya, umhlobo wam, ukuba angenza njalo, abanye babo, ukuba bayakubona ukuba bayawafumana na loo manenekazi, ukuba ayeselapha emhlabeni, ukuba bayicule kwakhona ngale ntsasa. Kwaye ndiyathemba ukuba uTerry uyifumene. Kwaye ndiyacinga ukuba wenze njalo. Ndifuna ukuyikhupha phaya, mhlawumbi, ndiyenzele irekhodi okanye into ethile, kuba ndiyayithanda kakhulu lo ngoma. Kwaye lowo ngowam . . . owam umnqweno ukuyithetha iphele naYe. Ndingca ukuba sonke sifuna ukwenza loo nto. Yiyo loo nto silapha ngale ntsasa.

⁸ Ngoku, imihlangano ezayo, kwiveki ezayo. Ingaba kulungile ukukhankanya? [Umzalwana uthi, “Ngokuqinisekileyo.”—Mhl.]

Ndi—ndizakuba sekhaya kule veki izayo, emnqubeni, ngeCawe ezayo, ukwenzela inkonzo yePasika; NgoMgqibelo ebusuku, ngeCawa, nangeCawa ebusuku. Kuze emva koko ndibuyela eCalifornia. Nonke nina bantu baseCalifornia, qinisekani ukuba ndiyakukuvuyela ukuba nani kwinkonzo ngaphaya. Kwaye ndiyacinga ukuba uBilly uthumele intengiso engeyiyo. Ingaba... Uthe, “Kwihotele yaseBiltmore,” Ndiyakholwa, “kuya kuba kuyo.” Iyi... [Umntu othile uthi, “Ayikwazanga ukuyifumana.”] Ayikwazanga ukuyifumana. Kwaye kuse Eastmont? [“Uzakuzo.”] Uzakuzo, iHotel Yozakuzo. Ke nabaphi na abantu beFull Gospel baphaya bangakwazisa, ukuba ungaphaya kwalondlela.

⁹ Kwaye ngoko siyabuya phaya, ndize ndiye eMzantsi Afrika ngoko. Kwinyanga nje enye ukusukela namhlanje, sihamba ngesikhephe sisiya eMzantsi Afrika, silindele ixesha elikhulu eNkosini, malunga nezizwe ezithathu phaya ezantsi. Ngoko ke—ngokuqinisekileyo siyayibongoza imithandazo yenu. Mhlawumbi andisayi kuphinda ndinibone kwakhona, ukuba iNkosi iqhubela phambili ukuba sihambe, ndide ndibuye. Kwaye ndiyathemba ukuba ndinengxelo entle ukwenzela nina xa sibuya.

¹⁰ Kwixesha lokugqibela phaya ezantsi, ndiyacinga ukuba iNkosi indinike eyona nkonzo inkulu endakha ndabanayo. Kwaye ngaxesha lithile, kubizo lwesiguqo... Ngoku, oku kokuphuma kwabengubo abemi bomthonyama. Ngokokwazi kwam, kwakukho amashumi amathathu amawaka awamamkelayo uKristu ngaxeshanye. Kwaye sasinga ukuba mhlawumbi babhekiselele kwimpiliso yaseniyameni, ngokuba kwakukho malunga namashumi amabini anesihlanu amawaka ngaxeshanye. Kwaye ngosuku olulandelayo, usodolophu waseDurban—waseDurban, onguSidney Smith, wathi, “Yiya kwifestile yakho, jonga ezantsi estratweni.” Kwaye kwakukho imithwalo yeveni emva komthwalo weveni, ifunjwe nje izele ziintonga ezidala nezinto ezinjalo, zifunjiwe nje; okokuba babesiza ngasemva, abomthonyama ababesilwa bodwa, besihla ngezitrato zesixeko, becula ethi *Kholwa Kuphela* ngolwimi lwabo lomthonyama.

¹¹ Ndiyakuxelela, intliziyo yam yachwayita. Njengo... Xa ubona into enjalo, Mzalwana uShores, uvakalelwa kukuba umsebenzi wakho awulolize ngoko. Uyabona, uzamile. Kwaye ndiyathemba ukuba uThixo uyayiphinda kwakhona, hayi ngenxa yokuba—ngenxa besisehlela phaya, kodwa ngenxa yokuba sijonge ukuBuya kweNkosi.

¹² Kwaye njengokuba ingoma yatshoyo, sifuna laa gusha incinane, ilahlekileyo, leyo, leyo... Yena—Yena akayi kuza ide loo gusha ingene. Wonke ubani umelwe kukuba sebhulanti. Akayi kuluvala ucango de kungene owokugqibela. Ke, bazalwana abangabalungiseleli, ndiqinisekile ndinani, ngale

ntsasa, yokuzama ukuzingela laa gusha yokugqibela. Isenokuba sePhoenix, ngale ntsasa. Andazi. Kodwa xa lowo wokugqibela engena, ngoko uMalusi uya kuluvala ucango.

¹³ [Umzalwana uthi, “Mzalwana uBranham?”—Mhl.] Ewe? [“Ndingatsho nje ilizwi?”] Ngokuqinisekileyo unako. [“Kukho into endiyilibeleyo. Besithetha ngayo...” Indawo engenanto kwiteyiphu.] Kulunge ngokugqibeleleyo oko. [“Kwaye ndiyazi, wonke umntu uyalibala into ethile, ngaxeshanye.”] Andinjalo. [“Owu!”]

¹⁴ Ndim ekufuneka ndibhale into endiza kuyithetha, phantse. Ndi...Ekubeni ndisiba mdala, ndikufumanisa kunzima ukukhumbula, ndibhale phantsi iZibhalo zam, njalo njalo. Ndandidla ngokuba njalo, ndandikwazi ukudwelisa malunga namashumi amahlanu eZibhalo engqondweni yam, kwaye ndingaze kwa...ndidlula kuyo kanye, kodwa ndineemayile ezininzi ezirhabaxa emva kwezo ntsuku.

¹⁵ Ke, sijonge ukuBuya kweNkosi. INkosi inisikelele nonke!

¹⁶ Uze unyukele apha, kwaye ucinge...Uhlala phantsi apha kwaye uve ababantu bengqina. Ucinga, “Ke, xana ndiphakama, ndiza kuthetha okuthile ngaloo nto.” Emva koko, kuninzi okufuneka kuthethwe, uya kuba imini yonke uyithetha. Kodwa, ngokuqinisekileyo ndiyanibulela nonke. Ngamana esi sahluko sincinci singaqhubeka sikhula. Langa lonke ibandla ePhoenix lingaqhubeka ukukhula ade uYesu afike, ngumthandazo wam onyanisekileyo.

¹⁷ Ngoku, ndiyacinga, ukusiphumza nje kancinane, masime ngeli thuba sisenomthandazo. Ningayenza?

¹⁸ UThixo onamandla onke, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu, OwaMvusayo kwabafuleyo, wasinika ukuba abe liDini, abe yiNkosi noMsindisi, sibulela kakhulu kuWe ngale nyhweba sinayo ngale ntsasa, yokuma eBukhoni Bakho, nabantu Bakho abathe bahlangulwa belindele ukuBuya kwesibini okuzukileyo Kwakhe, ukuze asamkelele kuYe. Ukuba kugabakho isono phakathi kwethu, Nkosi, sihlambulule ngehisope Yakho. Kwaye siyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba Uphilise wonke umntu ogulayo ophakathi kwethu.

¹⁹ Kwaye ukuba kuya kubakho, ngethuba, abo bangakwaziyo Wena, kolu bhaptizo lukhulu loMoya oyiNgcwele esiluzamelayo ngokunyanisekileyo, kwaye sisithi kuyimfuneko, ngokweSibhalo ngalo mhla wokugqibela, siyathandaza, Thixo, ukuba Wona uyakuwela phezu kwethu sonke, namhlanje, asibhaptizelele ngokutsha eMzimbeni, kwaye angenise abo baphumileyo, bangene, nabo, Bawo.

²⁰ Sisikelele njengoko sifunda iLizwi Lakho kwaye sizame ukuthetha oko kuyiNyaniso yeLizwi Lakho. Vala imilomo yethu koko kungeyonyaniso, kwaye uvule iintliziyo zethu nemilomo yethu koko kuyiNyaniso, njengokuba sizinikela kuWe.

Sebenzisa imilomo yethu ekuthetheni, neendlebe zethu ukuba zive, neentliziyo zethu ukuba zamkele. Kuba sikucela eGameni likaYesu, Owamiselayo ukuba kube njalo. Amen.

²¹ Ndingathanda ukufunda kwiLizwi eliNgcwele, iindawo ezintathu eBhayibhileni. Kwaye ukuba unokuphawula ezi, kwaye ufuna ukuqhubeka nazo, ukuzifunda ukuze ufumane ulwazi oluthe kratya, Ndingavuya kakhulu ukuba ungaziphawula. Iindawo endiza kuzifunda nguMateyu 28:1-10, kunye neSityhilelo 1:17-18, amaRoma 8:11. Kwaye ndingaziphinda kwakhona. Kwaye ngoku kuMateyu 28:1 ukuya kwi-10, ISityhilelo 1:17 ukuya kwi-18, namaRoma 8:11.

²² Ngoku sisondelela kwiPasika. Kwaye njengoko nifumana iindawo zenu, kwaye niyiphawule phantsi, Ndingang ukuba le veiki izayo yeyona neyakhe yankulu iveki yazo zonke iiveki zonyaka. Ndingang ukuba eyona nto inkulu siyakuyibhiyozela kule veiki, kule veiki izayo, yayisesona siganeko sikhulu sakha senzeka emhlabeni. Andiqondi ukuba kukho into enokusigqitha. Uthi, “Ke, u—ukubethelelwa kwaba kukhulu.” Kodwa abantu abaninzi bafa, abantu abaninzi babethelelewe emnqamlezweni, nkqu nakwimihla yeNkosi yethu. Kodwa kwakukho oMnye kuphela kubo Owavukayo kwabafileyo. Oko kwayitywina.

²³ Ngoku ndifuna ukufunda. Kwaye lo luhlobo oluthile lomyalazo omncinane wangaphambi kwePasika, iNkosi ithandle, malunga namashumi amane emizuzu. Ngoku masifunde kwiVangeli kaMateyu oNgcwele, isahluko sama-28, siqale.

Ekupheleni kwesabatha, njengoko kwaqalisayo ukusa ukuya kusuku lokuqala lweveki, kweza uMariya waseMagadala nomnye uMariya beza kulikhangela ingcwaba.

Kwaye, khangela, kwabakho unyikimo olukhulu lomhlaba: kuba isithunywa seNkosi sehla ezulwini, seza saliqengqa ilitye lesuka emnyango, sahlala phezu kwalo.

Ubuso baso babunjengombane, nesambatho saso simhlophe njengekhephu:

Kwaye ngoloyiko lokudidizela...abalindi (ndixoleleni) baangcangcazela abalindi, baze baba njengabafileyo.

Yaze yaphendula ingelosi yathi kubafazi, Musani ukoyika nina: kuba ndiyazi ukuba nifuna uYesu, lowo ubethelelewe emnqamlezweni.

Akakhona apha: kuba uvukile, njengoko watshoyo. Yizani kwaye niyibone indawo apho ibilele khona iNkosi.

Kwaye yiyani ngokukhawuleza, nibaxelele abafundi bakhe ukuthi uvukile kwabafileyo: niyabona,

uyanandulela ukuya kwelaseGalili; nombona khona apho, yabonani, ndinixelele.

Kwaye baphuma kwamsinya engwabeni benoloyiko novuyo olukhulu; bagidima kwaye baya kubabikela abafundi bakhe.

Kwaye njengoko baya kubabikela abafundi bakhe, yabonani, uYesu wabahlangabeza, esithi, Vuyani. Baza beza bambamba ngeenyawo, kwaye baqubuda kuye.

Emva koko wathi uYesu kubo, Musani ukoyika: hambani niye kubaxelela abazalwana bam ukuba baye eGalili, bondibona khona apho.

- 24 Kwaye iSityhilelo, isahluko so-1, nomqolo we-17 nowe-18.

Ndithe ndakumbona, ndasuka ndawa ezinyaweni zakhe ndaba njengofileyo. Waza wabeka isandla sakhe sokunene phezu kwam, esithi kum, Musa ukoyika; ndingowokuqala nowokugqibela:

Ndingulo udla ubomi, ndaye ndifile; kwaye, yabona, ndingodla ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni, Amen; kwaye ndinazo nezitshixo zokufa nezelabafileyo.

- 25 Kwaye kwiNcwadi yamaRoma, isahluko se-8, siqale ngomqolo we-11.

Kodwa ukuba uMoya walowo wamvusayo uYesu kwabafileyo umi ngaphakathi kwenu, lowo wamvusayo uKristu kwabafileyo uya kuyenza iphile nemizimba yenu enokufa ngaye uMoya wakhe omiyo ngaphakathi kwenu.

- 26 Ngoku ndiyathemba ukuba iNkosi uYesu iyakongeza iintsikelelo zaYo ekufundweni kwala Mazwi. Ukubona ukuba, iPasika, ndiyigximfize kweyam intliziyo njengowona mhlangani mkhulu, okanye esona siganeko sikhulu so—sonyaka.

- 27 Ndifuna ukunicela ukuba nindixolele umzuzwana. Ayilohlobo lokungxola apho kuni, uhlobo lokugquma? Ingaba konke kulungile? Ingaba niyayiva kakuhle ngolo hlobo? Owu! Aninakho ukuyiva. Ingaba oko kungcono, kulungile ngolohlobo? Bendingafuni ukusondela kakhulu.

- 28 Ngoku, kutheni ndithetha oku, kungokuba, iPasika, Yakuqondakalalisa oko iBhayibhile yayikuthethile. Sonke iSibhalo esabhalelwa ngaYe ukuba asenze, Watywina uBuMesiya Bakhe xana Wavuka kwabafileyo, itywina lePasika. Sinezinto ezininzi namhlanje esithetha ngazo, ukuba, ukuthenga amatywina ePasika. Ke, ndifuna ukuthetha ngale ntsasa: nge*Tywina lePasika*. Litywina elahlukileyo kunelo silithengayo ngemali yethu, njengetywina lokuya kwiileta, ndiyacinga, uMbutho weSifo sePhepha okanye nokuba bawubiza ngantoni na. Ndi—ndicinga ukuba elitywina leline itywina elahlukileyo. Kwaye ekubeni iPasika lusuku olukhulu lonyaka kuthi maKristu

abanga ukuba ngabantwana bakaThixo, Ndifuna ukuzama ukungena kuyo ndibone ukuba simelwe sidlelane njani nale nto inkulu athe wasenzela yona uKristu.

²⁹ ILizwi likaThixo lathethwa kwamaninzi, kwamaninzi amakhulu eminyaka ngaphambi koKuza Kwakhe, ngokubethelelwa Kwakhe emnqamlezweni, nangokufa Kwakhe, nokubandezeleka Kwakhe, kananjalo kwanovuko Lwakhe. Sizakube sihamba ngezi nkonzo, mhlawumbi, kwiveki ezayo, njengoko simamela ezethu—ezethu iinkqubo zikanomathotholo; nakwiinkonzo zethu, nabalungiseleli bethu, nanjalo njalo, kule veiki izayo.

³⁰ Kodwa ngayo yonke imihla nayo yonke into awayenzayo uYesu, kwaye ngokuqinisekileyo ukuxabisa konke ukungqinelwa Kwakhe kweLizwi likaThixo noko Wakwenzayo ukuLizalisekisa: ukuphilisa abagulayo, ukuvusa abafileyo, ukukhupha iidemon, ukushumayela k kumahlwempu, kweVangeli nokuzalisekisa lonke iLizwi awathi uThixo Uyakulenza ekufikeni Kwakhe; kwaye ngoko kananjalo ukuva ubunzima ngenxa yezono zethu, endaweni yethu, ukuba abe sisicamagushelo sesono, emnqamlezweni, apho kungekho bani wayenokwenza oko ngaphandle Kwakhe. Kodwa ngaphezu kwayo yonke loo nto, ndicinga ukuba iPasika itywine yonke into.

³¹ Ngokuba, kwakukho abaprofeti emhlabeni, ababeprofetile phambi Kwakhe. Kwakukho abaprofeti emhlabeni, ababephilise abagulayo, bavusa nabafileyo, kwaye benza kwaloo miqondiso minye wayenzayo uYesu.

³² Kodwa iPasika yangqina oko. Yatywina iLizwi likaThixo ngonaphakade, ukwenzela ikholwa lenyaniso. Bonke ubumnyama namathandabuzo aphela, ngaloo ntsasa yolonwabo. Umntu wayevalelwe, njengoko kwakunjalo, endlwini yentolongo, nkqu nakubantu benkolo ngaphambi kwalo mhla, ngokuba babe . . . ubone iintshukumo ezinkulu zezenkolo, nokushukuma koMoya oyiNgewele, njalo njalo. Kodwa xa umntu esifa, kwaba ngathi kuphelile. Kodwa xana Lona wezayo, waza wathi, “Ndinegunya lokububeka phantsi ubomi baM; Ndinegunya lokuphinda ndibuthabathe,” emva koko ahambe abonakalise oko Akuthethileyo, kum, elo—elo litywina layo, xana—xana kuthethwa into ize ijikwe iqondakaliswe.

³³ Ukuba umntu uthe, njengoColumbus, wayekhohlelwa ukuba ihlabathi lalingqukuva, kwaye wabukela iinqanawa, njengoko sixelelwa, ukuba bangena njani, kwaye wayenokubona isibonele senqanawa phambi kokuba ayibone inqanawa. Kwaye kwaqondakalisa kuye ukuba ihlabathi lalingqukuva. Abantu babengayikhohlelwa loo nto ngaloo mini, kodwa wayeyindoda enombono. Wazimisela ukungqina kanye oko wayenombono ngako, yayiyinyani leyo.

³⁴ Kwaye uThixo wayenenjongo yokuliqondakalisa iLizwi Lakhe, iNyaniso. Ngoko Yena . . . Kwakukho ekuphela kwayo iNdoda eyayinokwenza loo nto, kwaye yayinguYesu lowo. Waza Weza waqondakalalisa ukuba yiNyaniso leyo. Yayitywina. Kwaye oko kwawaqhekeza onke amatywina esithokothoko, kwazichithachitha zonke i—iinkolelo zezinye iinkolo, nanjalo njalo, apho abantu abakhulu baye baphakama baza bathetha izinto ezinkulu, ezimangalisayo; kodwa ba, bonke babo, engcwabeni. Kodwa inkolo yethu yobuKristu yiyo yodwa enengcwaba elingenanto. Kwaye oko kuqondakalisa kum ukuba unguThixo wabafileyo, noThixo wabaphilileyo, okokuba Wayenokuvusa abafileyo, babuyele ebomini kwakhona. Kwaye mna . . . lamandla adlisa ubomi, uMoya Wakhe odlisa ubomi, uqondakalalisile kuyo yonke iminyaka ukuba nguYe Onokudlisa ubomi abafileyo, ababuyisele ebomini kwakhona.

³⁵ Kwaye xana Waqondakalalisa ngedinga Lakhe, la mandla makhulu oyisayo Wayenawo, ngePasika waqondakalisa ukuba Unokukoyisa ukufa, isihogo, nengcwaba. “Mna ndinguLowo wayefile, kwaye ndiyaphila kwakhona, kwaye ndiphila kuse emaphakadeni asemaphakadeni; kwaye ndinezitshixo zoku—zokufa, isihogo, nengcwaba.” Enjani i—intetha anokuthi nabani ayenze! Kwaye akayenzanga nje kuphela, kodwa Wayesele eqondakalalisile ukuba Yena—Yena Wayenako oko Abanga ukuba unako.

³⁶ Kwaye ndiyacinga, Thixo yikhawulezise imini xa thina, njengamaKristu akholelwa le Bhayibhile, singayingqina le nto sithetha ngayo. Yabona? Yiloo nto eyenza, njengoko becutshiwo kwixesha elidlulileyo, “Ityuwa yehlabathi,” watsho udade. Injalo lo nto. Ihlabathi likhangela le tyuwa. Kwaye xana sinokuqondakalisa ngobomi bethu, nangeBhayibhile, ukuba ubomi bethu bungqinela elo Lizwi ukuba liyaphila namhlanje, ukuba leyo yimini esiyikhangelayo.

³⁷ Ilizwi . . . “Lo Moya,” AmaRoma 8 phaya apho :11 athi, “Ukuba lo Moya wamvusayo uYesu Kristu ungaphakathi kwenu, woyiphilisa nemizimba yenu enokufa.” Hayi kuphela Waqondakalisa kuYe, kuthi, ukuba Yena wayenguYehova umKhululi kwaye wayenamandla phezu kokufa, isihogo nengcwaba, kodwa Wasinika kanaanjalo indlela yokungena kwakuloo Moya mnye, ukuze nathi ngokwethu sibe nengqiniseko yokuba nathi sidliswe ubomi nguloo Moya. Kuba uMoya owamvusayo uYesu kwabafileyo uhlala emzimbeni wenu, Uyakuwudlisa ubomi umzimba wenu onokufa. Ngoku, igama *dlisa ubomi* lithetha “ukwenziwe uphile emveni kokufa.” Emva kokuba wona ufile, ngoko kufuneka wona udliswe ubomi.

³⁸ Ihlabathi libe livalelwe kwintandabuzo, izigaba ezininzi kude kube ngoko. Oku kwaqondakaliswa, akuzange kuthethwe nje kuphela, kodwa kwaqondakaliswa. Ndinga ukuba yonke into ebalulekileyo . . .

³⁹ Njengoko uYesu watshoyo, “Hambani ngoko, niye kufundisa zonke iintlanga; kwaye niqondakalise kuzo, ngokubonakalisa amandla kaThixo kubo. Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.” Abo bathembisayo kwaye bathi bayakholwa, Usinika ukuqonda okuqinisekileyo ngayo, ukuba, “Le miqondiso yayiya kulandelana nabo bakholwayo.” Ibiya kuba bubungqina bobungqina babo. Ngoku, sinokuthi siyakholwa. Kodwa side sibe sinomqondiso oqondakalalisiweyo Wathi uya kuba phezu kwethu, ngoko *sivuma* nje ukuba singamakholwa, kwaye hayi *ibango* lamakholwa.

⁴⁰ Kuba, khumbula...Kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, bendimamele kwi—inkqubo kanomathotholo kwi-KAIR ezantsi eTucson. Kwaye lo mlungiseleli uye wathabatha icala elichasene nathi, lokuba, “Inkolo yepentekoste yayingeyonto ngaphandle kwenkohliso nje. Kwakukho...Hayi ukuyiphulaphula. Yayingazinzanga.” Kwaye wathi, “Nabani na othe wathetha ngeelwimi, nezi zinto, aze abange ukuba, uphilisa abagulayo, nanjalo njalo, ngomthandazo, ukuba yayikukuphuma kude kuyo. Kwaye ukuthandazela abo bantu batyhafileyo, ngenxa yokuba babekwi—inkohliso, ukuba kukho into engalunganga kubo.” Owu, indlela ebendingathanda ngayo ukuthetha nala mzalwana ithutyana nje elingephi! Kwaye watsho ukuba i...“Ukuba, oko kwanikwa abapostile kuphela ngoMhla wePentekoste, kwaye kwakuphelele apho.”

⁴¹ Ndifumanisa ukuba, kumashumi amathathu eminyaka kamva, uPawulos wayemisela ezi zipho eBandleni. KwabaseKorinte Bokuqala i-15, ukuba, “Wabeka eBandleni isipho sokuthetha ngeelwimi, imimangaliso. Kwaye zonke ezi ezinye izipho zazibekwe eBandleni.”

⁴² UYesu watsho ukuba. “Hambani niye kulo lonke ihlabathi nishumayeke iVangeli kuyo yonke indalo.” Kude kangakanani? “Lonke ihlabathi.” Ukuya kubani? “Yonke indalo.” Abazange baYifumane okwangoku. “Kwaye le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.” Ixesha elingakanani? “Ehlabathini lonke.” Ukuya kubani? “Yonke indalo. Le miqondiso iya kulandelana nabo, kulo lonke ihlabathi, nakwindalo yonke. Le miqondiso iyakulandelana nabo: eGameni laM baya kukhupha iidemon; bathethe ngeelwimi ezintsha; nokuba bathabathe into ebulalayo, okanye inyoka, nokuba basele into ebulalayo, ayisayi kukha ibenzakalise bona; bayakubeka izandla zabo phezu kwabagulayo, kwaye bayakuphila.” Lowo yayingumyalelo Wakhe wokugqibela eBandleni, uMarko isahluko se-16.

⁴³ UPawulos umisela ezi zipho eBandleni, kumashumi amathathu eminyaka kamva. Kwaye wathi, kumaGalati 1:8, “Ukuba iNgelosi isuka eZulwini ishumayela kuni nayiphi engenye ivangeli kunaLe sele yamkelwe,” yabona, sele ishunyayeziwe, “mayisingelwe phantsi.” Ndiyakholwa ukuba ipentekoste yaqala ngaphandle kwesiphelo. Ndiyakholwa

ukuba imelwe kukuba kuso sonke isidalwa, ngamaxesha onke, kuzo zonke iindawo, ukuba ipentekoste ifanele ihlale ihleli. Iintsikelelo zepentekoste zimelwe kukuba phezu kwabantu.

⁴⁴ Kwaye ngoku, yintoni le ntsikelelo yepentekoste? Sisiqinisekiso sovuko. Akumangalisi ukuba iVangeli ngokwaYo ithetha “Iindaba ezilungileyo.” Iindaba ezilungileyo zantoni? Uvukile kwabafileyo. “Kwaye ngenxa yokuba ndisidla ubomi mna, nani nidla ubomi.” Nina enanifudula nifile esonweni nezigqitho, UThixo usidlise ubomi kunye, ngaloo Moya wamvusayo uYesu kwabafileyo. Kwaye ngoku sihleli kwiindawo zaseMazulwini kunye naYe, sincokola naYe, sithetha naYe. Olunjani uvuyo ukuxelela abantu elo bali, abakholelwa ukuba liyiNyaniso!

⁴⁵ Ndiyabuza, namhlanje. Yiloo nto eyenzekayo. Ingaba ngokwenene sizisa abantu kuThixo, okanye ingaba sibasa nje ecaweni? Kufuneka sibazise kuKristu, apho la mandla adlisa ubomi. Kuhle ukuya ecaweni. Ngokuqinisekileyo. Ukuba kukangako njengoko sihamba, akukho kude ngokwaneleyo. Xa usiza ecaweni, oko kulungile; kodwa yiyani kuKristu, ukusuka ebandleni, ngokuba simelwe kukuwamnkela la mandla adlisa ubomi, ukuba singaze silindele ukuba kolu vuko loluntu ngokubanzi, kuba kuphela kwento eya kuze isikhuphe kwabafileyo. “Kuba, ukuba lo Moya wamvusayo uYesu kwabafileyo, umi ngaphakathi kwenu, Uya kuvuselela, wenze, iphile imizimba yenu efayo.” Esinjani sona isithembiso kuthi!

⁴⁶ Ngoku qaphela. Kwa lowo ndoqo wolu vuko kukuxelela nokubonisa, kunye nokuqondakalisa ukuba uYesu uvukile kwabafileyo. Akafanga. Uyaphila. Uphila apha. Ungaphakathi kuthi. “Ndiya kuba nani, ndibe kuni. Liselilifutshane ixesha ukuze ihlabathi lingabi saNdibona. Kanti, nina niya kuNdibona, kuba ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekuphelisweni kwehlabathi.”

⁴⁷ Ngoku, njengamaKristu, sonke sibanga ukuba Uyaphila, okanye siye sadliswa ubomi ukusuka—sadliswa ubomi... ukusuka ekufeni ukuya eBomini, ngoMoya Wakhe. Kwaye ukuba asidliswanga ubomi, ngoko asenziwanga saphila.

⁴⁸ Ngoku sizakungena kwesi sifundo, iNkosi ithandile, kwaye uhlobo lokusifundisa okwemizuzu embalwa, indlela yokuba: Ingaba sidlisiwe ubomi, kwaye sinokuqiniseka ukuba le yiNyaniso?

⁴⁹ Ngoku, obu bubomi bakho, obu bubomi bam. Kulapho i... Ukuba asiyoNyaniso le, into endiza kuyithetha, ngoko ndingomnye wabona bantu bazizidenge ehlabathini. Ndinikele ngobomi bam ngenxa yento ekungekho nto, kwaye nawe wenze njalo. Kodwa ukuba yiNyaniso, ngoko ndityala yonke into endiyiyo. Ndityala yonke into endinokuba yiyo, ngenxa

yesizathu, eso esimele sona. Kwaye ndicinga ukuba akufuneki siphulukane nomdla wethu.

⁵⁰ Kwaye njengoko sibona iPasika isondela, yenza nje into ezantsi kum, njengoko ndi—ndiyazi ukuba lowo ngumhla apho into eyatywinwa ngayo ngonaphakade, emehlweni kaThixo.

⁵¹ Ngoku, siyaqaphela, ikwanguloo Moya mnye owaMvusayo engcwabeni, ohleli kuthi. Ngoku, inokwenzeka njani loo nto? UMoya owamvusayo, uThixo, uYesu kwabafileyo, uhleli ngaphakathi kwethu.

⁵² Ngoku, ngoku, nguMoya odlisa ubomi. AyiloLizwi elidlisa ubomi. NguMoya odlisa ubomi iLizwi, okanye onika iLizwi uBomi, ulinike amaphiko ukuba liphaphazele, ulinika ukufikelela. NguMoya owenza oko.

⁵³ Ngoku, ingqolowa, iyodwa, yingqolowa nje; kodwa xa ubomi obudlisa ubomi bungena kuyo, kwingqolowa, ngoko buyinika ubomi. Kwaye thina esasifudula sifile, senziwe ngokomfanekiselo kaThixo, sifile nje esonweni nakwisigqitho, kukho indlela ethile uThixo ekwakufuneka angenise ngayo obu Bomi budlisa ubomi emizimbeni yenu enokufa. Ndithetha ngomzimba wakho.

⁵⁴ Ngoku, uYesu wayeliLizwi. Uyayikholelwa loo nto, akunjalo? “Ekuqaleni . . .” UYohane oNgcwele 1, “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu.”

⁵⁵ Ngoku, njengoMesiya othenjisiweyo, Wadlisa ubomi lonke iLizwi elaprofetwayo ukuba Uyakulenza, ukuphilisa abagulayo, nendlela Abeyakuzalwa ngayo yintombi enyulu, yonke loo nto, yayenza loo nto. Yinyani. WayeliLizwi, libonakalalisiwe apha emhlabeni, kodwa Wayengenakuyenza le nto kanye njengoMntu. Kwathabatha uMoya kaThixo, uhleli kuYe, ukuba awadlise ubomi la madinga kuYe. Ndiyathemba ukuba siyakuyifumana le nto icace gca ngoku. UYesu, engumntu, ngoKwakhe, umzimba, kodwa kwathabatha uMoya kuYe, uMoya. “AsindiM owenza imisebenzi. NguBawo waM ohleli kuM. NguYe owenza imisebenzi.” Yabona? UYesu ngoKwakhe wayeliLizwi, ngokuba Wayelilo . . . Phambi koThixo . . .

⁵⁶ Eli ligama elibi elinokusetyenziswa, kwaye ndiyathemba ukuba ulithathe kakuhle, phambi kwesihlwele. Kodwa Yena wamiselwa ngenxa engaphambili ngokwazi kwenxa engaphambili kukaThixo, indlela elaliza kuba ngayo icebo likaThixo, lokuba Ubeya kuthumela uMhlanguli, kwaye lo Mhlanguli wayenokuba ngokuphela nguNyana OngoWakhe. Ke, ngoko, elo yayilidinga likaThixo, yonke indlela ukusukela kumyezo wase-Eden, ukuba uYesu uyakuba lapha. Nanku Wayekho njengeNdoda, ezelwe yintombi enyulu, kodwa kwathabatha uMoya kaThixo ukulidlisa ubomi elo Lizwi

kuYe. Kwaye Yena wayeliLizwi, lidliswe ubomi, iLizwi lenzelwa ubomi laloo yure. Lafika ixesha xana kwafuneka ukuba ube noMhlanguli. Umthetho uye wasilela. Ezinye izinto ziye zasilela. Ngoku, kuthatha uMhlanguli, kwaye Yena wayenguMhlanguli othenjisiweyo. Wadliswa ubomi ngeLizwi likaThixo.

⁵⁷ Ke ngoku ukuba kwaloo Moya wawuphezu Kwakhe ukuba abe nguMhlanguli kweso sigaba sexesha, ukuba samkele ngoku idinga lale mihla yokugqibela, ukuba kuyakwenzeka ntoni na; ukuba uba yinxalenye yelo Lizwi, uhlangulwe kunye naYe, ngokuba kwaloo Moya mnye umiyo kuKristu umi ngaphakathi kwenu, uvuselela ubomi ubomi benu kwesi sigaba. Kwaye Wona kananjalo, ngexesha lesiphelo, uyakudlisa ubomi imizimba yenu enokufa, uyivuse, uyinyuse kwakhona. Loo nto isusa ubumnyama xa siyijonga. Kwaye oko—kwaye yiNyaniso leyo. Yabona?

⁵⁸ KwabaseRoma apha, uPawulos uyiqondakalalisile kuthi. Yabona? “Ukuba uMoya owamvusayo uYesu kwabafileyo uhleli ngaphakathi kwenu, uyakuyidlisa ubomi nemizimba yenu enokufa.” Lo nguMoya okwa mnye owaMvusayo, owathi walidlisa ubomi obunguNaphakade ikholwa lenyaniso. UMoya owamvusayo uYesu kwabafileyo uhlala kwikhohla, uvusela ikholwa kuBomi obunguNaphakade.

⁵⁹ Bunye kuphela uBomi, mnye uMoya onguNaphakade, bunye uBomi obunguNaphakade, kwaye nguThixo lowo. UThixo, yedwa, unguNaphakade. Kwaye ngoko thina, ekubeni singabantwana Bakhe, siyinxalenye Yakhe, oko kukuthi, izibonakaliso zokucinga Kwakhe. Kwaye ingcinga ivakaliswe kwaye ibe lilizwi. Ngoko, mntu ngamnye apha, onabo obu Bomi bunguNaphakade, wayekho kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi, ekucingeni kukaThixo. Kuphela kwendlela enokuba yiyo, kuba usisibonakalaliso. Leyo yimbonakaliso yengcinga, iye yaba liLizwi; kwaye iLizwi lithabathe uBomi, kwaye linguNaphakade. Naso isizathu sokuba sibe noBomi obunguNaphakade. Kwangomgaqo ofanayo awathi uNyana kaThixo omkhulu, uMhlanguli, siba ngoonyana neentombi zikaThixo, kwangaloo Moya mnye, kwangokwazi okunye kukaThixo.

⁶⁰ Khangela kwizigidi emhlabeni ezingazange ziYamkele xa uYesu wayelapha. Kodwa hayi indlela ebesinombulelo ngayo ngale ntsasa, ukwazi ukuba sinobungqina obuthe ngqo kwaye iBhayibhile iyaqondakalalisa, ukuba sibandakanywe kuloo ntsasa inkulu yovuko izayo, laa Pasika inkulu! Sinesiqinisekiso sako, khona ngoku emizimbeni yethu efayo. Abo bamiselwa ngenxa engaphambili ngabokuqala, kakade, ukudliswa ubomi, xa uMoya oyiNgewele usiza kubanga aBakhe.

⁶¹ Ngoku, kukho intetha enkulu, kwaye ndifuna abazalwana bam abangabalungiseleli bazame ukukuqonda oku. Yabona?

Ekuqalekeni, uThixo, uMoya omkhulu, wayengenguye kwa “uThixo” ngoko. WayenguLowo unguNaphakade. *UThixo* uyi “into yokunqulwa.” Wayengenanto yokuMnqula. Kwakungekho—kwakungekho ziNgelosi, kungekho nto. NguThixo nje kuphela, Yena yedwa, nguNaphakade. Kodwa, ukuze abe nguThixo, kwakufuneka kubekho into yokuMnqula, ke Wadala iiNgelosi, neZiqu, neKerubhi, nanjalo njalo, ukuba ziMnqule. Icebo Lakhe elikhulu liqalisa ukutyhileka.

⁶² Kodwa khumbula, wena, kwi—isimo okuso, ngale ntsasa, ukuba wawungekho kwingcinga Yakhe ngoko, awukho ngoku. Ngawe, kukho inxalenye ethile ekuwe, unguNaphakade, kwaye inguNaphakade kuphela yekaThixo. Kwaye kuThixo yayikukucinga Kwakhe ngawe uhleli kanye apho ukhoyo ngoku. Ekucingeni Kwakhe, bendimi epulpitini ngale ntsasa, ngokuba Akanasiphelo kwaye wazi zonke izinto. Ngoko ke Wayenokusichaza isiphelo kwasekuqalekeni, ngokuba unguNaphakade. Kwaye wena, ekubeni ungunyana kaThixo okanye intombi kaThixo, ngoko wawukwingcinga Yakhe ekuqalekeni.

⁶³ Kwaye ngoko xana uMoya oyiNgcwele efika, ube usemhlabeni, uhamba ujikeleza apha njengomoni, emazantsi ebomini bakho kukho into ethile. Awuyazi into eyenzekeayo, kodwa ulambile. Ndamva umzalwana ongumRhabe; Ndava u—umBhaptizi ethetha ngaye, phaya kudala, waye—umBhaptizi Wentandoyakhe, eshumayela apho anokuthi afumane khona. Mzalwana wam, ukuba wena, kukho into ethile kuwe, into ongazange uyibeke phaya. Yinto ongenakunqwenela ukuba ibe phaya. Yinto echasene nemvelo yakho. Kukwazi kwangaphambili kukaThixo, kusenzeka, iLizwi likaThixo.

⁶⁴ Njengoko uYesu wazalwayo unguNyana kaThixo, ukuba abe ngu Emanuweli, imbonakaliso epheleleyo kaThixo eseMntwini. Kwaye waMfumana ekuthobeleni okugqibeleleyo, ezantsi kuMlambo iYordan, ebhaptizwa nguloo mprofeti. Kwaye kwamsinyane nje AkuMthobela, waze waphuma emanzini, aMazulu avuleka kuYohane. Waze wabona uMoya oyiNgcwele usihla uphuma eZulwini, usithi, “Lo nguNyana waM oyintanda.” Yabona? Intobeko egqibeleleyo, uMoya waMfuna wamfumana, ngokuthobela.

⁶⁵ Owu, ndoda enxaxhayo okanye mfazi, ngale ntsasa, xana uhleli apha, kwaye kukho into ethile kuwe ekuxelela ukuba Le ilungile, nguMoya oyiNgcwele ukufuna, ukunizisa kulwazi lweNyaniso yale yure siyiphilayo ngoku, hayi iyure ethile edlulileyo, iyure ngoku.

⁶⁶ Kwakukho amawakawaka phaya awayethobela iyure egqithileyo. Kodwa kwakukho iyure yexesha langoku, leyo yayiyiyure uYesu awayeza kubonakala ngayo, kwaye naliya limile iLizwi. Nankuya kwakumi abantu. Kwaye apha

yayikubonakaliswa kukaThixo kusenzeka, kungqinela ukuba yayiyiNyaniso leyo.

⁶⁷ Kwaye njengabantu bePentekoste, namhlanje, mandithethe oku, okokuba simi kule mihla yokugqibela apho uThixo wathembisa ukuba Uyakuthulula uMoya Wakhe phezu kwayo yonke inyama, kwaye oonyana neentombi Zakhe bafanele baprofete. Kuba wathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.” Yiyure. Yiloo nto eyenza loo ndalo ingaphakathi kuwe.

⁶⁸ Njengoko bendithetha apha, kungekudala kwixesha elidlulileyo, bekuvakala kuhlambela kancinane; kodwa ndiyathemba ukuba akunjalo, kuni, ngale ntsasa. Umfama owabeka ukhozi, okanye wabeka isikhukukazi, kwaye waba neqanda lokhozi. Abaninzi benu bayalikhumbula ibali lokhozi oludala lokuzala—kule. . . Okanye, isikhukukazi sizalela apha kule nkukhu, okanye—okanye—okanye iqanda lokhozi phantsi kweentsiba zenkukhu zalo. Yabona? Sisimo somoya sendawo.

⁶⁹ Ibandla lamaRhabe, ibandla lamaWisile, ibandla lamaBhaptizi, nayiphi na kuzo ingavelisa lamakhozi. Ngokuqinisekileyo. Sisimo sendawo esikwenzayo. Njengoko uGqr. Bosworth wayedla ngokuthi, “Ungathatha iqanda lesikhukukazi ulibeke phezu kwe. . . phantsi kwenjana, uyibophelele phantsi, injana iza kuqandusela inkukhu.” Ngokuba? Sisimo somoya sendawo. Kwaye xana naliphi na ibandla okanye naliphi na iqela eliyakuhlenganisana kunye, baze bathandaze bade bayilahle kude imigaqo yabo nezinto ezinjalo, baze bajonge ngqo ebusweni bukaThixo, iyakuvelisa amakhozi kanye ngokuqinisekileyo njengokuba ndimi apha.

⁷⁰ Yiloo nto endicinga ukuba eli qela loosomashishini liyenzile, lizama ukuqhekeza isimo somoya sendawo. Siba nokucalucalulana okuninzi. Enye yeyale naleya. Masiqhawule isimo somoya wendawo kwaye sifumane isimi somoya kunqulo lwaseZulwini. Fumana isimo somoya wendawo ngokufanelekileyo, amakhozi aya kuzalwa, kwaye—kwaye nakulo naliphi na ibandla, naphina.

⁷¹ Kwaye olu khozi luncinane lwahamba nesikhukukazi ixesha elide, kodwa u—ukukokoza kwakungaqhelekanga. Lalingaqondi ukuba isikhukukazi sithetha ukuthini xa sikrwela ngaphakathi e—e—enkunkumeni yemfumba yomgquba e—eziyadini. Kwaye oko yayingekokutya, kulo. Kwaye sitya iirhorho, nanjalo njalo, lona ukhozi olungazityiyo. Ngoko kwabonakala kungaqhelekanga, konke, kulo. Kwaye yayilintshontsho ledada elibi; lalinjalo, hayi ukutsho oku kuhlambela kwenkolo, mhlawumbi wayengumBhaptizi Ngokuzithandela, kwaye, kodwa into ethile ngolo hlobo, okanye umRhabe.

⁷² Kodwa, uyazi, ngenye imini unina wayesazi ukuba wayebeke iqanda. Kwakufuneka kubekho umntwana ndaweni

ithile. Ngoko waphosa amaphiko akhe amakhulu emoyeni, waza waphanda waza waphanda, ekhwaza kakhulu. Kwaye ngenye imini, wadlula phezu kweshedi. Kwaye xana olu khozi luncinane lweva esi sikhalo siqhelekileyo, lwalungazange lisive ngaphambili, kodwa laqonda ukuba simlingana njengeglavu phezu kwesandla. Kwaye wayesazi ukuba lowo ngumama wakhe. Wayesazi ukuba ngunyana wakhe lowo. Wayekhangelana yena.

⁷³ Wenze njalo uThixo, kwisigaba ngasinye, umisele iBandla Lakhe kweso sigaba, uMyalezo weso sigaba sexesha. Kwaye banokuba nemithetho nayo nantoni na abayifunayo. Kodwa xana lifika elo lixa, uMoya oyiNgcwele kaThixo, owawusekuqalekeni wacingwa waze wathetha ngeso sigaba sexesha, laa Moya uzingela elaa qanda. Kwaye xana lisiva loo Myalezo, akukho nkonzo yehlelo iyakulibamba. Liya kunyuka phezulu. Lifanele liyenze. Yintaka eyahlukileyo. Sisidalwa esahlukileyo. Ulikhozi, kwaye uya kusiva isikhalo. “Izimvu zaM ziyaliva iLizwi laM.”

Njengoko umntu othile watshoyo, uMzalwana uWilliams, “Ukutya kweegusha.”

⁷⁴ “Izimvu zaM ziyaliva iLizwi laM. Owasemzini aziyi kumlandela.” Akunamsebenzi nokuba ibandla belithembeke kangakanani na, kwaye libe likhulu kangakanani na igama lalo. “Xana izimvu zaM ziliva iZwi laM,” eliliLizwi, “owasemzini aziyi kumlandela.” Ziyakuya ngqo kwelo Lizwi, kwaye zingayenza loo nto. Kufana no—no—nomazibuthe.

⁷⁵ Ngenye imini, phezulu e-Indiana, ndandityelele abo matshini bokusila intsimbi, kwakhala impempe. Kwaye wonke umntu wakhulula iifaskoti zakhe, waqalisa ukutshayela. . . okuphuma kumatshini babo bokugoba intsimbi, ukuphuma ukuya kumgangatho osembindini, okuchetyiweyo ababekwenzile imini yonke. Kwaye ndandihamba nale ndoda ibindihambisa yathi, “Jonga oku.” Kwaye ke wonke umntu wabeka isinxibo sakhe—sakhe phezu kwe—kwetafile, wahamba.

⁷⁶ Emva phaya ngasemva, wachukumisa iqhoshana. Kwaye nako kusiza amazibuthe omkhulu, kwaye wachola yonke intwanana yalaa ntsimbi yayichetywe yasuka kuloo maqhekeza, ngoku, yaze yaphuma. Yawacima amandla okubutha; yawela kwi-cupola. Kwaye yanyibilika kwakhona, ukwenzela elinye iqhekeza le—lempahla, kwaloo nto inye, ii-asi okanye nantoni na ababeyakha.

⁷⁷ Ndema apho ndajonga kokuya, ndade nda—ndaphulukana nje nesiqum sam. Ndaze ndathi, “Ndiyazibuza into.”

Wathi, “Yintoni, mhlekazi?”

Ndaze ndathi, “Ndiyaqaphela ukuba ezinye zazo azizange zinyuke.”

78 Wathi, “Yi-aluminiyam, kwaye umazibuthe awubizeli kwi-aluminiyam.”

79 Ndathi, “Ndiyabona.” Kwaye wathi...Ndaze ndathi, “Kulungile, uyaqaphela, *kukho* intsinjana ebekwe ukunqamleza.”

“Kodwa, uyabona, mhlekazi, yayibotshelelwe phantsi.”

80 Ndathi, “Ndiyabona.” Kwaye xana wayikhuphayo ndathi, “Ngoku kwenzeka ntoni, phandle *phaya*?”

81 Wathi, “Ibuyela ngqo kwindawo yokusila, igalelwe kwicupola, kwaye ibuye kanye yenze elinye ivili.”

Ndathi, “Mayibongwe iNkosi!” Yiyo leyo. Yabona?

82 Kukho umazibuthe omkhulu ohleli esibhakabhakeni, ayakuthi uThixo ngenye imini achukumise iminwe Yakhe kuye. Akukho mntu ulaziyo ixesha Eza ngalo, hayi neeNgelosi zaseZulwini, azilazi. NguThixo yedwa olaziyo. Kodwa kubekho ukuchetywa okuthe kwavela eBhayibhileni, amaKristu eBhayibhile, amakholwa ale yure. Enye yazo inokuba yayiyi-asi emva kolunye usuku. *Oku* kunokuba yenye inxalenye. Iza kwenza ulawulo olukhulu lukaThixo. Kodwa iyakubunjelwa kwimbiza yengqayi enkulu kaThixo, ize igalelwe kwakhona kwimifanekiso kaThixo. Kwaye abo banokubutheleka kuyo baya kunyuswa. Owu, njani uku...Enjani yona inyhweba eyiyo, ukwazi ukuba kukho nto ethile eluvukweni ephathelele nathi!

83 Ngoku, qaphela, qaphela ubizo lweLizwi likaThixo, olo ayinxalenye yalo. Kwaye lukhozi elukhozini. Ngoku, ukuba unina ubenokukhwaza ngokufana ne—nesangxa, belingasayi kuyazi. Belyakuba ngcono nje eshedini. Kodwa yayisisikhalo sokhozi. Kwakukho into ethile ngaphakathi kulaa mfo mncinane, yokokuba wayeyazi ukuba wayelukhozi.

84 Kukwanjalo ke nakulo lonke ikholwa lenyaniso. Xa ukushunyayelwa kweLizwi likaThixo kuvela, kwaye kungqinelwe kwaqondakalaliswa ukuba liLizwi likaThixo lale yure, ngoko kukho Into ethile ngaphakathi kwikholwa. Andikxathali nokuba wayenyaniseke kangakanani na uyise ebandleni, okanye wayenyaniseke kangakanani na umama wakhe, okanye uyisemkhulu noninakhulu, kwaye ukuba elo bandla lifundisa ngokuchaseneyo nale yure yoMyalezo wobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kukho into ekhalayo kuye. Uya kuphuma eshedini. Umelwe kukuba ayenze. Inkukhu yayinokuba yayilungile ngenye imini, kodwa le yiyure yokhozi. Yabona? Yona—yahlukile. Kukho into ethile, yokuba, kufuneka ayishiye ihoko endala aze abhabhe aye kungena esibhakabhakeni. Ngoko lo mzimba wasemhlabeni udliswa ubomi uze uziswe, ngoMoya odlisa ubomi, ekuthobeleni iLizwi likaThixo.

⁸⁵ Ngoku, xana lo Moya oyiNgcwele, umelwe njengokhozi, luphaphazela phezu komhlaba, lize lifumane ikholwa, “Akukho mntu unokuza kuM, akukho mntu unokuza kuM ngaphandle kokuba Afune uku, bonke aNdinike bona uBawo baya kuza kuM, kodwa akukho namnye unako ukuza ngokwakhe,” asikuko ukucinga kwakho, ukutsala wakho, nguThixo, otsalayo. Yabona? “Bonke andinike bona uBawo baya kuza kuM.”

⁸⁶ Ngoku, uMoya oyiNgcwele ulapha emhlabeni, ujonge abo bantu babodwa uThixo abamisele uBomi kwesi sigaba sexesha. Kwaye kwakamsinya nje ukuba Uyifumene, Wenza kanye njengokuba Wenza kuYesu Kristu, uNyana kaThixo omkhulu Owasihlangulayo sonke. UYehla kwaye athabathe indawo yaWo yokuhlala kubomi bomntu, ngoku, qaphela, uzisa amandla adlisa ubomi. Ngoku, loo mandla adlisa ubomi afika phezu koYesu aMdlisa ubomi ukuba abonakalise lonke idinga leLizwi laloo mhla. Ngokunjalo noMoya oyiNgcwele osifikelayo ngalo mhla, ukuba ayingomoya oyingcwele wokugculela, ukuba ayingomtyholi ugculela uMoya oyiNgcwele, kodwa ngowkwenene, uMoya oyiNgcwele wenyaniso. Uyakubonakalisa idinga lale yure.

⁸⁷ Xana Wawela phezu koLuther, Wabonakalalisa elaa dinga laloo yure. Xana Wawela phezu koWesley, Wabonakalisa idinga laloo yure. Xa Esihla ngalo mhla, Ubonakalalisa idinga lale yure. Xana Wawela phezu koMoses, Wabonakalalisa idinga laloo yure. Wawa phezu koNowa, Wabonakalisa idinga laloo yure. Xana Wawela phezu koYesu, Wabonakalalisa idinga laloo yure. Yabona?

⁸⁸ NguMoya oyiNgcwele usihla, ukuze adlise ubomi, enze baphile abo bantu bamiselwa ngenxa engaphambili nguThixo ukuba babe kuXhwilo. Qaphela. Oko kukuthi, ukuba lukhozi lwenene, luyakuwuqonda uMyalezo weyure ukuba lukhozi lwenene. Ngoku, ukhozi oluncinane mhlawumbi, eshedini, lwalusitya kakuhle, kodwa la—lalisazi yayingalunganga ncam kanye. Kodwa lathi lakuva iNyaniso, ngoko layamkela leNyaniso. Ngoku, kuYohane 14 . . .

⁸⁹ UYohane 5:24, gxebe, uYesu wathi, ethetha ngolu hlobo, “Lowo uwevayo aMazwi aM, akholwe nguLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade, kwaye akayi kuza emgwebeni, kodwa udlule ekufeni wangena eBomini.” Khawucinge nje ukuba kulula kangakanani oko, “Lowo ukholwayo.” Ngoku, indlela echanekileyo yokuthetha oko, “Lowo uqondayo.”

⁹⁰ Ngoku, uphuma apha esitratweni uthi kweli henyukazi, “Uyakholwa?”

“Ngokuqinisekileyo.”

“Uyakholwa ukuba unguNyana kaThixo?”

“Ngokuqinisekileyo.”

“Ingaba wabhaptizwa?”

“Ngokuqinisekileyo.”

⁹¹ Yihla uye enxileni, uthi, “Uyakuva Oko? Uyamva laa mshumayeli eshumayela?”

“Ehe.”

“Uyakukholwa Oko?”

“Ngokuqinisekileyo.” Yabona?

⁹² Kodwa, “Lowo uqondayo, lowo uyaziyo indawo yakhe ngeli lixa, lowo ulivayo iLizwi laM, akholwe nguLowo waNdithumayo, unaye” (kwixesha langoku) “UBomi obunguNaphakade. Akayi kungena eMgwebeni, kodwa sele edlulile ekufeni wangena eBomini.” Ngoko xana obu Bomi baNaphakade obutsha buhlala kuwe, Kukubanakho, okanye ukuzimisela kwakho ukuba udliswe ubomi ukusuka kwisidalwa esifayo ukuya kubomi obungenakufa.

⁹³ Mandikutsho oko kwakhona. Xana Lo Moya ukufumene, mntu ngamnye, uze phezu kwakho, Sisakhono selifa lakho laNaphakade athe uThixo wacinga ngawe yaye wenzelwa wena ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Sisakhono sakho eso.

⁹⁴ Ngokufana ukuba undicele umthi wom-oki, kwaye ndikunike imbewu yom-oki. Ngoku, u—u—ubomi bomthi wom-oki bukwiimbewu yom-oki ngoku, kodwa kufuneka ulinde ide ikhule.

⁹⁵ Ngokunjalo nathi. Xana uthe wamnkela uMoya oyiNgcwele kaThixo, Ngamandla kaThixo anakho alinde phezu kwakho, asele ekuqondile. Kwaye utywinelwe ngoMoya wedinga, kaThixo, kuMzimba kaKristu. Xana uThixo wajonga ezantsi eKhalvari wabona uYesu esifa, Akakuphela nje... Wafela uMtshakazi Wakhe, uMzimba, oliBandla leLizwi, iBandla elikhulwayo kwiLizwi likaThixo lesigaba sexesha, nokuba ziinyawo, umzimba, intloko, nokuba iphi na. Yabona? Iyi... UKristu wayesopha kwaye esifa. Kwaye uThixo, ekhangele kuYe, walubona uvuko Lwakhe, neBandla lavuka kunye naYe ngePasika.

⁹⁶ Ngoku, ndifuna ukuba nifumane yonke le nto, kuba ndinento ethile apha kancinane, endifuna ukuthi, iNkosi ithandle.

⁹⁷ Ngoku qaphela. Kukunyaniseka, okanye okunokwenzeka. Amandla adlisa ubomi ovuko lwakho, xa uthe wamnkela uMoya oyiNgcwele, uhlala ngaphakathi kuwe, ukuba nokwenzeka kwawo.

⁹⁸ Qaphela, wena—wena ngoku usendleleni, ukhulela eluvukweni oluzeleyo. Akukho mthi uvela ngobusuku nje. Kufuneka ukhule, njengoko sikhula kubabalo nakulwazi lukaThixo. Ubhaptizelwa kuMoya oyiNgcwele. Ngoku, njengeBandla lepentekoste, labhaptizelwa kuMoya oyiNgcwele,

Liyaqala ukukhula. Amasebe afile. Babewathena. Kodwa uMthi usakhula, usaqhubeka, ngokuba Umelwe kukufika eluvukweni.

⁹⁹ Bakhokelwa nguMoya, ukuze balidlise ubomi iLizwi kuni nina ningamakholwa. ILizwi lhlala lidlisa ubomi, njengokuba ufika kwisebe lokuqala, isebe lesibini, isebe lesithathu, ukuya phezulu. Ihlala nje idlisa ubomi. UMoya kaThixo uhlala unidlisa ubomi.

¹⁰⁰ Qaphela ukuba, iPentekoste, imizimba yabo yadliswa uBomi obutsha ababufumanayo. Loo nto indenza ndizive ndinonqulo. Cinga. Ngoku, apha yayingamadoda, nabalobi, nababuthi berhafu, abafazi abathobekileyo abancinci be...kunye namakhosikazi asekhaya nje aqhelekileyo, amantombazana amancinane anyulu. Babengamakholwa. Babekhohlelwa ukuba le yiNyaniso. Bakhohlelwa ukuba, xana uYesu wafayo (Bakhohlelwa kuYe.) wabuya wavuka kwakhona, kwabafileyo, babekhohlelwa ukuba obo bubungqina obupheleleyo bukaThixo, bokuba Yena waMvusele ebomini.

¹⁰¹ Ngoku, bayenyuka, ukuya kuSuku lwePentekoste, ukuya kufumana isicaphulo sabo. Ingaba uyazi ukuba yintoni isicaphulo? Kuxana isigunyazisi sobunini sikhululiwe. Benyuka baya apho ukuya kufumana isicaphula sabo. Kwaye badliswa ubomi, okanye olunjani lona uchulumanco! Babewuthengile umhlaba; bewuthengelwe. Babewufumene.

¹⁰² Ingaba yinyani okanye akunjalo? “SiMbonile evuka, kodwa ngoku kuthekani ngathi? Singamangqina. Sema sayibona iNdoda ibethelelwe emnqamlezweni. Sawabona amafu esiza phezu komhlaba aze enza mnyama izibhakabhaka. Kwaye u—umhlaba wanyikima kwaye washukuma; wawunobuphakuphaku bokuphelelwa. Ngoko xana... BaMfaka engwabeni. Bamhlaba ngomkhonto entliziyweni, ngomkhonto, kwaye bawothula umzimba Wakhe baza bawulalisa engwabeni likaYosefu wase Arimatiya.”

¹⁰³ Baze emva koko bafumanisa, ukuba, ngomhla wesithathu, Wavuka kwakhona. Kwaye njengoko umfundi watshoyo, “Singamangqina ako oku. Simbonile evuka. Siyazi ukuba Uyaphila.”

¹⁰⁴ Ngoku kwenza ntoni oko? Oko kwasusa lonke uloyiko. Akumangalisi ukuba uYesu wathi, “Musani ukoyika. NdinguLowo wayefile, kwaye udla ubomi ngonaphakade.” Yabona? Yakukhupha konke ukoyiko, xana benza oko.

¹⁰⁵ Ngoku, kodwa xana benyuka baya kwiPentekoste, phaya bamnkela amandla adlisa ubomi, amandla abenza baphila.

¹⁰⁶ Ngoku phaya kulapho ndicinga ukuba, nina bazalwana bamaRhabe namaWisile, niyakwamkela ngokunokwenzeka ngokukholwa kwiNkosi uYesu Kristu, kodwa isicaphuli asikafiki. Oko kukukhululwa kwesigunyazisi sobunini.

107 UThixo wanika u-Abraham isithembiso. U-Abraham wakholwa kuThixo, kwaza oko kwabalelwa kuye ebulungiseni. Kodwa yena wawutywina umnqophiso ngetywina lolwaluko.

108 Kwaye uThixo ukunika isithembiso, ngokunokwenzeka, ukuba uyakusifumana, kwaye uyakuvuswa, lo mzimba uyakuzukiswa kunye naYe ekupheleni kwexesha. Kodwa, uyabona, umelwe kukufumana ukukhululwa kweso sigunyazisi sobunini. Kwaye ukukhululwa kuxa yonke into echasene nayo iye yachithwa, kwaye ufumene isicaphulo kuyo. Ufumene itywina. Yeyakho. Yonke into ekuyo yeyakho. Amen.

109 Kwaye xana sikholwa kuYesu Kristu ukwenzela uMsindisi wethu, size siguquke sibhaptizwe, size sinyuke siye kuMkholelwa; UThixo uyayibona inguquko yethu nokholo lwethu kuYe, aze asithumele isicaphulo. Kwaye isicaphulo sisiqinisekiso. Sisiqinisekiso sokuba, yonke into ibikhe yabanjwa ngokuchasene nawe, uguquke ngokupheleleyo. Haleluya! Kwaye umhlaba uthengiwe, kwaye ubambe isicaphulo sesiqinisekiso.

110 Makathi umntu othile azame ukukugxotha emhlabeni, athi ungowakhe, ube wena uphethe isicaphulo esandleni sakho. Makazame ukuyenza. Akukho mthetho elizweni onokuyenza, ngokuba ubambe isicaphulo.

111 Kwaye akukho mtyholi, akukho bandla, okanye nayiphi na imfundiso yezenkolo, enokuthi igqithe imida yobungqina bukaThixo kunye nesisicaphulo, sokuba ubhaptizo loMoya oyiNgcwele luye lwasiqonda kuYesu Kristu. Siqiniseke nje ngokuvuka njengoko Wavukayo, ngokuba ngokunokwenzeka sele sivukile kuYe. Amen.

112 Izinto ezindala...Yenza ntoni kwimizimba yethu efayo? Iguqula imbono yethu, itshintshe iimbono zethu. Ibeka uthando lwethu kwizinto eziPhezulu. Kwaye ukutshaya, ukusela, ukungcakaza, izinto obukade uzenza, zifile. Ingaphantsi kwakho.

113 Kwaye udliswe ubomi. Kwaye la mandla adlisa ubomi awuzisa umzimba wakho kwimeko yokuxwilwa, kakade. Qaphela abantu bepentekoste phaya phezulu, xa bathi badliswa ubomi nguMoya oyiNgcwele. Mamela kum. Xana elaa qela lepentekoste phezulu phaya, ngoSuku lwePentekoste, lafumana isicaphulo sabo sesigunyazisi sobunini kuThixo, ngokuqinisekileyo, yayizukisa imiphefumlo yabo. Bakhwaza. Babona iilwimi zoMlilo zahlulwe phezu kwabo bonke ngabanye. Kwaye yawudlisa ubomi kakhulu umzimba wabo, bade babengakwazi nokuthetha ngolwimi lwasemhlabeni kwakhona. Yawudlisa ubomi umzimba wabo kulwimi lwaseZulwini, iNdawo abaya kuyo. Amandla adlisa ubomi kaThixo ayishukumisa imizimba yabo enokufa ngoko, de lonke ulwimi lwabo olufayo lwenziwa kumila kumbi, lwaguqulelwa

ekubeni lulwimi olungafiyo. Anjani wona amandla adlisa ubomi! Intoni? Into eyeyakhe.

114 “Ukuba ke uMoya owamvusayo uYesu kwabafileyo, uhleli emizimbeni yenu enokufa, Wona uyakuyenza iphile imizimba yenu enokufa.” Sidliswa ubomi ngoko ngamandla kaThixo ophilileyo.

115 Iilwimi, zidliswe ubomi kulwimi olutsha lwaseZulwini, ukuze zithethe kubo; ukuxwilwa phezulu, ukunyukela kwisimo sendawo esahlukileyo kuneso bakhe bahlala kuso. Kanjalo, ngoBomi obudlisa ubomi kubo, obuye bangena kubo, Badlisa ubomi ulwimi lwabo. Bathetha ngeelwimi ezintsha. Owu, ewe!

116 Ngoku bajonge. Yona kananjalo yalungiswa ukuba ibanike bona, emva kwesi sicaphulo, yayilungiselelwe ukubanika sonke isithembiso esasisemabaleni. Sonke isithembiso esikumhlaba weLizwi likaThixo, esathenjiswa eBhayibhileni, lamandla adlisa ubomi anikwa bona, ukudlisa ubomi kubo esa sithembiso. Ngoko ke, babeka izandla phezu kwemilwelwe, yaphiliswa. Bathetha ngeelwimi ezintsha. Benza imiqondiso emikhulu nezimanga, ngokuba oko kwaku kwisithembiso sikaThixo. Kwaye xana uYesu wafayo, ukuze ahlangule abuyisele okuya emva kubo, imihlaba eyayiyeyoonyana bakaThixo, Wabonakalisa into awayeyiyo uThixo.

117 Sinokuba nabuganga njani bokunxibelelana loo nto kwaye siyibeke kumbutho? Asinamalungelo okwenza oko.

118 NguMoya oyiNgcwele, namhlanje, ezingela iintliziyo ezinyanisekileyo eziyakukholelwa kuloo Myalezo. Yonke into eseBhayibhileni, eyathenjiswa, yeyela kholwa. Kwaye xa uyamnkela ngenzaliseko yawo, kwaye uThixo esazi ukuba uyakuyenza, Ukunika isicaphulo soko. Ke ngoko sonke isithembiso esenziwayo sisesandleni sakho, kwaye uMoya oyiNgcwele ulapho ukuze akuvuselele oko kuwe. Owu, bethu! Lu—luhlobo luni lwabantu ekufuneka sibe ngabo? Indlela ekumangalisa ngayo ukubona uMoya oyiNgcwele kaThixo omkhulu apha ukwenza loo mandla! Yicinge. Xana, uMoya oyiNgcwele ngokwaWo, ulapha ukuze angqine ngale yure. Watsho njalo uYesu. Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

Inokuba nabuganga njani na indoda ukusula loo nto iphume Phaya?

119 “Imisebenzi eNdiyenzayo niyakuyenza nani,” Yohane 14:12. “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.” Eso sisiqinisekiso. Xana sibona iqela labantu lihleli kunye, kwaye loo miqondiso izibonakalisa, eso sisiqinisekiso sokuba isicaphulo siphaya ukungqinela ukuba lowo ngumhlaba kaThixo. Amen.

120 Ke, siyiPasika, nathi. Amen. Ngoku sikwiPasika yethu. Sele sivusiwe, haleluya, ukusuka kwizinto zehlabathi, saya

kwizinto zedinga likaThixo. Hayi siya; sinjalo ngoku. Zizinto ezinokubakho.

¹²¹ Sisithembiso sikaThixo. Uyakuthulula uMoya Wakhe ngemihla yokugqibela, kwaye yiloo nto abaya kuyenza. Qaphela, babeka izandla zabo phezu kwabagulayo; yonke into eyayikwisithembiso sikaThixo. “Ndiya kuwuthulula uMoya waM ngemihla yokugqibela, phezu kwayo yonke inyama. Amadoda amadala enu aphuphe amaphupha. Amadodana enu aya kubona imibono.” Kwaye zonke ezi zithembiso zahlukeneyo Wazenzayo, yonke into ilele kanye apho kwidinga likaThixo. UYesu wasihlawulela lona. Kwaye xa siba . . .

¹²² Okanye, thina, ukuba simiselwe kuloo mhlaba, ukuba simiselwe ukuba sibe kuloo mhlaba; njengokhozi luhamba kwindlwane yenkukhu. Ukuba umiselwe kuloo mhlaba, uMoya oyiNgewele ulapha ukuze ukufumane. Kwaye xa Ekufumana, uyakuqonda ukubiza kwaWo. Uyayazi iyure oyiphilayo. Uyazi ukuba ezi zinto zimele ukwenzeka. Ngokukhawuleza uyaxwilwa ukuya kuhlangana naWo, kwaye ngoku uhleli kwiindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu. Owu, esinjani sona isithembiso! Onjani uBawo waseZulwini, Onokusinika ezi zinto!

¹²³ UMoya udlisa ubomi ubudlelane babo noThixo, ukuze babenakho ukubuyisela ebomini abafileyo ngaloo mini. Bayibeka phezu kwabafileyo imizimba yabo; yabuyela ebomini. Phulaphula ngenyameko. Benza kwa ezo zinto wazenzayo uYesu ngokuba kwaloo Moya mnye, wawuphezu Kwakhe, wawuphezu kwabo. Ukuba uMoya omnye wenza umntu enze ngolu hlobo, wenza ukuba omnye enze ngolo hlobo. Ukuba enye . . .

¹²⁴ Angathini Lona ukuza, athi unoMoya kaThixo, aze akhanyele imisebenzi kaThixo? Ayinakuyenza.

¹²⁵ Qaphela. Ubomi bukaThixo, obo ngesiGrike bubizwa *Zoe*, buhamba phakathi kwabo nakubo, badlisa ubomi iingqondo zabo kwiLizwi Lakhe. Ngoku, mandiyithethe ngokuzolileyo ngenene ngoku. UMoya kaThixo ohamba phakathi kwabantu, udlisa ubomi ingqondo yomntu kwidinga likaThixo. Yabona? Iyayenza. Jonga. Kwaye ndizama ukukubonisa i—i . . . kwaye ndikuvumele uqonde ukuba ndithetha ngoku ngeBandla, kananjalo livuselelwa eBomini, kuYe.

¹²⁶ Nangona, babezizibonakaliso Zakhe kuphela, indawo yokuqala. Kodwa ukuba uThixo uthe, “Kule mini,” emva ekuqaleni, “UJohn Doe uya kuba sisicaka saM,” kwizigidi zeminyaka eyadlulayo. Ngoku, uJohn Doe uzalelwe esonweni, wabunjelwa ebugwenxeni, weza ehlabathini ethetha ubuxoki, ngokuba ungumntu ofayo. Kodwa, mhlawumbi, ufumana uvakalelo oluncinane lwenkolo. Uyakujoyina icawa. Mhlawumbi uyakujoyina icawe yePentekoste. Andazi. Usenokujoyina nantoni na. Kodwa makangene phantsi kwesimo somoya kaThixo, kube kanye. Yabona? UJohn Doe unyanzelekile

ukuba aqonde ukuba uYise uNgubani na, kanye njengokuba ela khozi lwamqondayo ukuba wayengubani na unina. Imelwe kukuyiqonda. Yabona? Kuphela, ukuba uJohn Doe sisibonakaliso sikaThixo esiye saba lilizwi, elithethiweyo, aze ke uMoya oyiNgcwele alifune elo lizwi. Nantsi. Uyambiza, amnike uBomi obunguNaphakade, aze amzise kuBukho bukaThixo, iLizwi likaThixo.

¹²⁷ Jonga. UThixo wayenoko kunye xana Wabona uYesu. Yayingu—yayingumsebenzi ogqityiweyo, awawugqibayo uThixo ngoYesu, xa wathi, “Kugqityiwe.” Lonke icebo lagqitywa.

¹²⁸ Kwaye xa uMoya kaThixo ufika phezu kwakho, kwaye ngenene uezinye zezibonakaliso zikaThixo athe Wathetha ngazo...Ngoku, ukuba awunjalo, uya kumangaliswa kwaye uphazamiseke, kwaye ubaleke *apha naphaya*, nayo yonke enye into, kwaye ungaze ufikelele kulwazi lweNyaniso. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Ukuba ungomnye wezo, izinto ezindala zidlula ngokukhawuleza, yabona, kwaye uba mtsha, kwaye icebo losindiso ligqityiwe. Ulungele ukuthobela lonke iLizwi awathi uThixo walithetha ngawe, yabona, ukuze ulenze. Uyalithobela iLizwi Lakhe. Isivumelwano, ngokuchanekileyo, isicaphuli kwisivumelwano, itayitile yesigunyazisi sobunini yeyakho. Amatyalala ahlawulwe onke. Onke asusiwe, kwaye njengokuba kwakunjalo ngoMhla wePentekoste.

¹²⁹ Ngoku masiqaphele ukudlisa ubomi, lo Moya udlisa ubomi kwabanye abantu.

¹³⁰ Ngoku, bendinixelele ukuba andisayi kuthetha ixesha elide, kwaye ndinemizuzu engamashumi amabini nje yokugcina ilizwi lam, ukuba ndiyayenza loo nto, qaphela, ukugcina ngexesha endilithethileyo, malunga—malunga neyure.

Qaphela ngoku la mandla adlisa ubomi. Oko kuza kuphela...

¹³¹ Ngoku, kukho ukugculelwa okuninzi ngaYo. Baninzi abantu abacinga ngenene ukuba banaWo, ngelixa bengenawo. Abantu abaninzi bayayenza ngenxa yokuba benombono ongeyonyani wento abayibona isenziwa ngamanye amaKristu. USathana unokulinganisa nayiphi yoko. Siyayazi loo nto. Kwaye njengeemishinari, ningayibona ilinganisa: ukukhwaza, ukuxhentsa, ukuthetha ngeelwimi, zonke ezi zinto. Ungayibona ilinganiswa naphi na. Ngokuqinisekileyo. Phakathi kwabahedeni nabantu abaphikayo kukho into enjengoYesu Kristu enguNyana kaThixo. Yabona? Kwaye bayayenza zonke ezo zinto, ngokwabo.

¹³² Kodwa owenene, wenyaniso uMoya odlisa ubomi ozayo kwikholwa, ulidlisa ubomi kwiLizwi likaThixo, oko kubuyele kuKutya kokhozi kwakhona, emva kanye apho liphila khona. “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.”

133 Masiqaphele ngoku lo Moya udlisa ubomi njengokuba Wehla phezu kwabanye abantu, njengokuba Wenza njalo—ngoMhla wePentekoste.

134 Masiqaphele iPentekoste, indlela abenza ngayo, kwaye ubone ukuba badliswe ubomi na ngala mandla adlisa ubomi sithetha ngawo. NgoSuku lwePentekoste, bonke babelindile phaya phezulu. Kubo ngokwabo, babesoyika. AmaYuda, kanye into awayeza kuyenza, ngoko boyika. Kodwa kwenzeka ntoni? Xana la mandla adlisa ubomi esehla evela eZulwini, kwabakho ubugorha obubekwe phezu kwabo. Kwakukho into ethile, ukuqonda, apho babengaqinisekanga kakhulu ngayo kwiinyure ezimbalwa ngaphambili. Babesazi ukuba Waye—Wayefile.

135 Bayazi ukuba Wayevukile. Babethethe naYe endleleni. “Kodwa ingaba loo nto yayisenzela bona, okanye nje yayiyeyabo, yayisenzela uYesu ngoKwakhe?”

136 Kodwa apha ngoMhla wePentekoste, uMoya oyiNgcwele, isicaphulo sawela phezu kwamakholwa. Oko kwabenza inxalenye yovuko Lwakhe, yamenza inxalenye yobudlelane Bakhe. UMoya oyiNgcwele weza, wabaqinisekisa ukuba baya kuvuswa, ngenxa yokuba babengabakhangeleka sebevukile ngoko, ukusuka kumagwala ukuya kumadoda angamakroti.

137 Babe—babeloyika kwa iLizwi ababelifundisile. Ungavumeli oku kudlule kuwe. Babesoyika. Babesazi ukuba Yena wayelelo Lizwi.

138 KwanamaYuda kwafuneka avume. UNikodimo wathi, “Rabhi, siyazi ukuba Ungumfundisi ovela kuThixo. Akukho mntu unako ukuzenza izinto ozenzayo ngaphandle kokuba uThixo unaye. Ngoku, siyayazi loo nto. Siyayiqonda loo nto.”

139 Ngoko abafundi . . . UPetros wade wafunga kuBukho Bakhe. Bonke babeMshiyile ekubethelweni emnqamlezweni.

140 Kodwa naba ngoku bephezulu kweli gumbi liphezulu, kuBukho bukaThixo. Ngoko, ngequbuliso, naku kusihla uMoya oyiNgcwele uphuma eZulwini, waze Wabaphilisa. Kwaye ukudliswa ubomi kwenzeka, babengoyiki ukwenza ubungqina boMyalezo ababewukholelwa kwaye bewazi ukuba uyiNyaniso. Kungenjalo, babeyoyika Yona.

141 Mangaphi amaRhabe, mangaphi amaWisile, mangaphi amaBhaptizi, ehlabathini namhlanje, mangaphi amaPentekoste, ayaziyo iNyaniso kwaye esoyika ukuma kuYo? Ndeyisekile ukuba ndimangale, yintoni leyo yawela phezu kwenu? Ingaba niyinxalenye yovuko Lwakhe? Ingaba ninokuba nesibindi sokukhwaza ngolwazi lwengqondo nembono yendoda ethile? Okanye, unabo ubuganga bokwenyani kunye no—nobuntu bokwenyani obufunekayo, ukuma ngaphandle kwaye ubize okulungileyo “kulungile,” nokungalunganga “akulunganga”? Ingaba uyinxalenye yovuko Lwakhe, okanye ungunnquli wemfumba yeemvumo nkolo? Ingaba ungunhambi wecawe,

unalo igama lakho khona phaya, kwaye ufile esonweni nasezigqithweni?

Lowo ungalikholelwayo iLizwi likaThixo elipheleleyo ungumoni.

¹⁴² Abo baFarisi babekholelwa kwizinto ezininzi, ukuba ziyiNyaniso. Bathe, “Singabantwana bakaThixo.” Kwaye babenjalo, lade elo Lizwi lashunyayelwa. Kodwa xana ela Lizwi lashunyayelwa kwaye langqinelwa, emva koko baba ngaboni ngenxa yokwala iNto ababeyazi ukuba ilungile, bayingqina loo nto. “Siyazi ukuba Wena ungumfundisi ovela kuThixo, kuba akukho mntu unokwenza izinto ozenzayo ngaphandle kokuba uThixo enaWe.”

¹⁴³ Ndiyazibuza namhlanje, siphi na? Ndiyaku buza. Lusifumana phi olu vuko? Ingaba unobuganga bokuphuma? Ingaba unobuganga bokuthabatha uThixo ngeLizwi Lakhe? Ukuba umiselwe eBomini, ngokuqinisekileyo uyakuyenza loo nto. Ukuba ulukhozi, awunakuzibamba ekwenzeni oko, kukho into ethile kuwe. Okanye, ufuna ukukhonza imvumo nkolo kwenye indawo, uthi, “Ndiya ecaweni. Ndilungile njengawe”? Yabona? Ukuba awunabo ubuzibulo, awusokuze ububone, awunakububona. Kodwa ukuba uthe walubamba ibango lobu buzibulo, akunakunceda ukuba ungabuboni, kuba yinxalenye yakho kwaye uyinxalenye yabo.

¹⁴⁴ Ndingamphika njani umama ondizalayo? Ndingamphika njani lotata igazi lakhe likum? Ndandinokuthini ukuphika uCharles Branham ekubeni ngutata wam? Bendingenakho ukuyenza. Ndikulungele ukumela ingcikivo yakhe okanye nantoni na eyenye, ngokuba ndingunyana wakhe. Haleluya!

¹⁴⁵ Ngoko ekubeni engunyana kaThixo, kwaye Yena wayeliLizwi likaThixo, ndingayikhanyela njani loo Bhayibhile ukuba iyiNyaniso, ukuba uYesu Kristu ayisekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade? Kwaye ngokubona iyure esiphila kuyo, sidinga iPasika ebandleni. Uvuko! Sidinga uvuko, ukunika amandla ukhoho, amadoda nabafazi ukuze bamele oko okuliLizwi likaThixo elingqinelweyo.

¹⁴⁶ Uthi, “Ke, sinabo ebethu Abatsha bakaKristu.” Kulungile oko. “Icawe yethu inomhlangano. Sifuna amalungu amaninzi *kakhulu*.” Akukho nto ichasene naloo nto. Kulungile oko. Kodwa oko kuphela sisimo somoya sendawo. Oko kusenokuba ziintsiba zesikhukukazi esidala. Kodwa ukuba uya kungena kwisimo somoya sendawo esifanelekileyo apho, luyakuqandusela ukhozi ukuba uliqanda lokhozi. Kwaye ukuba wawumiselwe ngenxa engaphambili nguThixo ukuba uyibone, awunakuzibamba ekuyiboneni, uyeza eluvukweni. Leyo yindlela awazalwa ngayo umBhaptizi, leyo yindlela awazalwa ngayo umWisile, eluvukweni lwaloo mhla, kodwa baguqukelo kwisikhukukazi esikhundleni sokhozi.

147 Njengoko benditshilo kungekudala, ndisihla ndisuka eTucson, ndabukela into engaqhelekanga kakhulu. Ndabona ukhetshe ehleli ecingweni phaya ezantsi. Loo khetshe kudala elahlekelwe bubuyena. Wayeqhele ukuba yintaka ecaleni kokhozi. Akazange akwazi ukulandela ukhozi; hayi, akunjalo. Akukho nto inokulandela ukhozi. Kodwa wayengukhetshe.

148 UKristu luKhozi, kwaye ibandla lifanele okuncinci libe ngukhetshe. Ziyakwazi ukubhabhela phuzulwana kunazo naziphi ezinye iintaka. Kodwa loo khetshe uye wathamba. Ulahlekelwe bubuyena. Uhlala phezu kweengcingo zefowuni aze alinde umvundla othile ofileyo. Utsiba-tsiba njengexhalanga, endaweni yokuphaphazela njengokhetshe.

149 Owu, mzalwana wam, dade, nina bantu bePentekoste, eningabantu bam abathandekayo! Ibandla lihlahlekana nobulona. Liyehla kwaye lixhomekeke kwimvumo nkolo ethile efileyo esesikweni, endaweni yokuphaphazela eMazulwini, ngaphesheya, ukufumana imana entsha.

150 Ukhetshe wayeqhele ukuzingela eyakhe imana, kodwa namhlanje uthabatha oko kugiliswe ziimoto kunye noko kutyiwa ngamaxhalanga. Utsiba njengaye. Ufana nomnye.

151 Sizihombisa kakhulu kwihlabathi langoku, abafazi bethu becheba iinwele zabo, benxiba iibhulukhwe ezimfutshane, amadoda ethu enganamqolo waneleyo wokuma epulpitini athethe iyaniso. Kudala sithambile kwiLizwi.

152 Owu Thixo, thumela uMoya oyiNgcwele kwaye ujonge loo makhozi kwindawo ethile, alungele ukuma phaya ngaphesheya, akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na, ayakundandela kokungaziwayo, angahlali kwiingcingo zomnxeba aze akhangele uncwadi lwesikolo seCawe oluyakuza. Mandibe neLizwi, nakubutsha bamandla nokubonakaliswa koMoya oyiNgcwele. Sidinga iPasika, uvuko olunokubakho. Sihlobo sam, ukuba wanelisekile yinyama ebolileyo yehlabathi, kukho into engalunganga.

153 Dade wethu, mzalwana wam, mandithi kuwe, ekoyikeni uThixo, ndisazi ukuba ndisenokungaze ndiphile ukuze ndiyibone iPasika kwakhona. Kodwa kukho into enye eqinisekileyo, xana unyana wenene owanyulwa kwangaphambili kaThixo, ngeLizwi likaThixo, eliva ela Lizwi likaThixo, uyakuvuka aye kuLihlangabeza. Zizinto ezinokwenzeka, zokuba uzakuhlangana neLizwi lenene eliphilileyo. Njengoko Wayenjalo, uMtshakazi uyakuhlangana noMyeni. Uyinxalenye yoMzimba Wakhe.

154 Qaphela, sinexesha elide, silahlekelwa zizazisi zethu. Siza ngobusuku bangoLwesithathu, abanye bethu. Abanye bahlala ekhaya ukuze babukele *Ngubani Othanda USusie*, oomabonakude, zonke iintlobo zezinto zehlabathi, zonke

iintlobo zolonwabo, ukukugcina kude enkonzweni. Kudala siphulukene nayo.

¹⁵⁵ Izikolo zethu zakwalizwi, izikolo zethu, zikhupha iqela looRicky abanemfundo eninzi yezakwalizwi, no-nokuzonwabisa nayo yonke into esebandleni, ukuthatha indawo yomhlangano womthandazo. Sithathe isinxibo saza sazama ukuzalisekisa oko abantu banamhlanje bazama ukukwenza, ukubangenisa. Awusoze ubazuze ngaloo nto. Banokungaphezulu koko kunoko unako. Awunashishini kumhlaba wakho... emhlabeni wabo. Mabeze ngaphaya kowakho, apho ubhaptizo lwenene lukhanya khona, apho mandla enene ovuko. Musa ukuzama ukwakha icawa efana neyabo. Musa ukuzama ukuba nomalusi onjeya. Musa ukuzama ukwenza *oku, okuya, okunye*, okanye ukusebenzisana nehlabathi. Bakhanya ngeHollywood.

¹⁵⁶ IVangeli yokwenene ikhazimla ngamandla. Amakhozi ayakuva oko. Awakhangeli ukukhanya. Ajonge ukukhazimla. Ukukhazimla ngokuthobeka, ukukhazimla ngothando, ukukhazimla ngamandla, yiloo nto ukhozi lwenene olukuzingelayo. Awukwazi ukukrwela eshedini kwaye ulikholise. Akanakuze akwazi ukuyenza. Awunakuze umxelele, kuba akakholelwa kuyo.

¹⁵⁷ Vumela elo Zwi likhwaze liphuma emazulwini, “NdinguLowo wayefile, ndaza ndadla ubomi kwakhona,” kukho into eyenzekayo. “Ndikwanguye izolo, namhla, nangonaphakade. Kwaye kuya kuthi ngemihla yokugqibela, Ndizithulule ngokwaM phezu kwenyama yonke.” Uzuko kuThixo! “Ndiya kuyidlisa ubomi intetho yenu efayo. Ndiya kuludlisa ubomi ulwimi lwenu olufayo. Ndiyakukunika ubungqina bokuba ndiyakunizisa eluvukweni kunye naM.” Amakhozi antliziyi-zilambileyo afikelela koko kanye kangangoko anako. Yiperile yexabiso elikhulu, ukuba bathengise yonke enye into, ukuya kuthenga. Amen.

¹⁵⁸ UThixo makasincede, sihlobo. Iicawe zethu zilahlekelwa zizazisi zazo.

Masikhawuleze siye kwezinye.

¹⁵⁹ Khangela isenzo sabo bafundi, besoyika. Babesazi ukuba uYesu wayeyiNyaniso, kodwa, uyabona, Yayichasene noluvo oludumileyo, inkolo edumileyo yalo yure, eyona nkolo ingqongqo, iSar- . . . AbaFarisi, abaSadusi, nanjalo njalo, unqulo lomntu lwabo, amaqembu, namahlelo. Babe—babechasene neso “siphambuso.” Kodwa uYesu wayeliLizwi eliqondakalalisiweyo.

¹⁶⁰ Kwaye uYesu unguMoya oyiNgcwele, ekuMoya. “Liselilifutshane ixesha, ukuze ihlabathi lingabi saNdibona. Niya kuNdibona,” hayi umzimba; uBomi obabukuYe. UThixo uphezu kweBandla, ukuze abize oonyana njengokuba Wenzayo ngoko, abathobelayo.

161 “Ndihlala ndisenza oko kukholekileyo kuBawo. Ngubani na kuni onokuNdimangalela ngesono?” Ngamanye amazwi, *isono* ku “kungakholwa.” “Lithethe ntoni na iLizwi ngaM, eNdingayenzanga?” Nantso ke. “Ndibonise oko iLizwi lathi Ndiyakukwenza, eNdingakhange ndikwenze. Ngubani na onokuNdityhola? Ngubani na onokubeka iminwe yakho kuM, aze athi Andilizalisekisanga iLizwi likaBawo waM?” Owu, xa ibandla likaMoya lifikelela kuloo ndawo! “Ngubani na oya kuNdimangalela ngokungakholwa?”

162 Owu, maKristu, ningabandakanywa njengokhetshe, kodwa ukhozi. La khetshe uthambile, uya kwehla. Awusoze ulubone ukhozi lusenza loo nto. Akanakuze ayenze loo nto. Lizingela okwalo ukutya, phaya esibhakabhakeni. UThixo umlungiselele ukuze akwazi ukukubona. Lifumana imana entsha, hayi into efileyo.

163 KumaHebhere, xa babenqumla entlango, badla, bazama ukutya imana efileyo. Yayisele imile. Yayino—yayinonjubalala kuyo. Uyazi ukuba sithetha ukuthini. Ingcolisekile nje, ibolile. Iimpethu zikuyo.

164 Kutheni ndizakutya ukutya okwakufile kwiminyaka eyadlulayo? Isenokuba kwimo kunye nokumila, kodwa ayintshanga. Kufuneka sifumane ukutya kwisizukulwana ngasinye, okutsha. Ngokunjalo ukhozi lukhangela oko kutya, kwisizukulwana ngasinye, njengoko sikuhambo lwethu. Qaphela.

165 Ngoku makhe sithathe abanye abantu kwakhona. Makhe sithathe abanye babaprofeti beTestamente eNdala, sibone ukuba benza ntoni na.

166 Makhe sijonge kuqala kuStefano, indlela uStefano phakathi kwelo Bhunga leSanhedrin. Xana elaa bhunga lamnyusayo apho, laa ndibano inkulu yamakholwa apho, okanye ebemelwe kukuba ngamakholwa, bamnyusa bazama ukumgweba. “Ngokuba,” wathi, “nina bantamo zilukhuni, bangalukileyo ngentliziyo nangeendlebe, nihlala nimchasa uMoya oyiNgcwele.” Obo bobuya Bomi bunguNaphakade. “Njengoko benza ngako ooyihlo phaya kudala ngabaprofeti, ke niyayenza namhlanje.” Bamtshixizela amazinyo. Babengafuni ukukuva oko. Wayechasene nemvumo nkolo yabo. Wayechasene nehlelo labo. Baza bayixuluba ngamatye indoda yafa. Kwaye waziphakamisela phezulu izandla zakhe, wajonga eZulwini, wathi, “Ndibona amazulu evulekile, noYesu emi ngasekunene.” Ngokuba? Wayenovuko, amandla adlisa ubomi kuye, awamthabatha amsa esifubeni sikaYesu.

167 Qaphela, ngokukhawuleza ngoku. Khangela kuFilipu, phaya ezantsi kwimvuselelo enkulu. Esiba nemvuselelo apho bekungekho sibindi kuye nawuphi na umntu, ngokuba, ukuba wayenentsebenziswano enkulu phakathi kwamabandla nayo

yonke into phaya ezantsi. Wayenemvuselelo enkulu. Aze amandla kaThixo adlisa ubomi athetha kuye, athi, “Stefano . . .” Ngamana Atsho oku, “Unemvuselelo enkulu, kodwa ndinendoda enye endifuna uthethe nayo.”

¹⁶⁸ Kwaye uStefano uyathobela, akukhathaliseki nokuba yintoni na, ugxe kwa kangakanani na. “Owu, Stefano, awukwazi ukuhamba.”

“Kodwa, ndinako. UThixo utsho njalo.”

¹⁶⁹ Kwaye waphuma waya entlango, yaye ngaphandle apho wafumana eli thenwa. Kwenzeka ntoni? Wathi, “Uye . . . Ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho iphela, ukuba uYesu unguNyana kaThixo, ndiya kukubhaptiza.” Xana wambhaptizayo . . .

¹⁷⁰ Jonga. Wadliswa ubomi ngalamandla adlisa ubomi, ukushiya imvuselelo yamawaka abantu, ukuphuma ukuya entlango, kumntu omnye. Owu, oko kuyakuchasana nazo zonke izizathu. Yabona? “Ngokuba, kukho ishumi lamawaka elikufunayo *apha*.” Kodwa kukho omnye ofunayo, phandle *phaya*. Yabona? Kwaye amandla adlisa ubomi amthumela kwindawo ayilungiselelwe nguThixo. Haleluya!

¹⁷¹ Madoda nabafazi, Ayakunenza nime ngeenyawo zenu. Ayakunenza ukuba nenze izinto uThixo afuna ukuba nizenze. Andikhathali ukuba omnye umntu uthini ngayo. Ummelwane uthi, “Owu, lamntu ushiywe ziingqondo zakhe. Uthandaza ubusuku bonke; bafunda iBhayibhile.” Andikhathali nokuba bathini. Yiloo nto uThixo akubizele ukuba uyenze. Ilungile lo nto. “Owu, bathi asinakuba nayo le mvuselelo yakudala, imvuselelo yamaPentekoste.” Owu, ewe, singakwazi, nathi. Unokuba nayo kuwe. Kwaye usisininzi, kuThixo, kungakhathaliseki ukuba abanye bacinga ntoni na.

¹⁷² Qaphela, emva, ekuthobeleni. Phulaphulisisani ngoku. Emva kokuthobela uThixo, kwiLizwi Lakhe, xana wayewufezile umsebenzi wakhe, laa mandla adlisa ubomi awawafumanayo ePentekoste amxhwila emka naye, awudlisa ubomi umzimba wakhe. Iimayile neemayile kude, wathatyathelwa kuMoya, waza wafunyanwa ngaphaya kwelinye ilizwe kwindawo ethile. Amandla adlisa ubomi kaThixo! Kwaye ukuba singamapentekoste, “Kwaloo mandla manye awamvusayo uYesu kwabafuleyo, ukuba Ahlala emizimbeni yenu enokufa.” Yabona? Konke kulungile. Qaphela.

¹⁷³ Masithathe enye indoda enala mandla adlisa ubomi. Kwakukho indoda kwakudala, egama lingu Enoki. Xana into entsha isiza, kwakufika into ethile yathi, “Ke, ngoku kufuneka sibuyele kwisikolo sakudala, okanye *le*, *leya*, okanye *enye*,” U-Enoki wahamba noThixo. Nantoni na athe uThixo yenze, u-Enoki akazange aphose nalinye iLizwi. Wahamba noThixo. Wayeyintoni? Wayengunyana kaThixo. Wayelukhozi olwalubizelwe kula mhla.

¹⁷⁴ Lathi lakufika ixesha, wayezele kakhulu ngaloo mandla adlisa ubomi! Khumbula, wayehambe amakhulu amahlanu eminyaka, okanye ngaphezulu, phambi koThixo, kwaye akukho nalinye ixesha apho waliphosayo liLizwi Lakhe. Akukho nalinye ixesha akhe waziphatha kakubi ngalo. Akazange nangexesha elinye enenjalo kodwa wabugcina ubungqina. Yonke into uThixo awayemxelele ukuba ayenze, wahamba wayenza. Akukho ngxambuliswano malunga naloo nto, wahamba nje wayenza. Akunamsebenzi nokuba ubani wayecinga ntoni na, wahamba wayenza. Ngokuba? Wayezele loo mandla adlisa ubomi. Kwaze kwathi kwakufika ixesha lokuba ixhego life, uThixo wasuka nje wehlisa ileli waze wenyukela eKhaya. Wamdliisa ubomi, wawuthabatha umzimba wakhe onokufa wawunyusela eluxwilweni. Amen. Lawo ngala mandla adlisa ubomi.

¹⁷⁵ Khangela ku-Eliya, emva kokuba umsebenzi wakhe ugqityiwe emhlabeni. Wayezele kakhulu ngaloo mandla adlisa ubomi, wakugweba oko kuchetywa kweenwele kukaJackie Kennedy ngomhla wakhe. Wayemxelele uJezebehe omdala into awayeyicinga ngaye. Wabaxelela abashumayeli nababingeleli okwakulungile nokubi, kwaye abazange bamkholelwe. Kodwa wabagweba abafazi abaziqabe ubuso nezinto ezinjalo, kakubi kakhulu. Kwaye wayezele kakhulu ngaloo mandla adlisa ubomi kangangokuba akukho nto inokumenzakalisa. UThixo wamondla ngokusuka emazulwini, wamkhupha, wambeka ecaleni. Kwaye wayezele kakhulu ngamandla adlisa ubomi, kwafika ixesha lokufa, iYordane yavuleka, kwaye wahamba nje, wehlisa inqwelo yokulwa yamsa eKhaya, ezele kakhulu ngaloo mandla adlisa ubomi. Waba ngowenene, owoqobo unyana kaThixo. Ehe.

¹⁷⁶ Qaphela, wayenzakuthabatha indawo yakhe, kwaye igama lakhe lalingu Elisha. Kwaye u-Elisha wayenezabelo ezimbini, la mandla adlisa ubomi. Yabona? Wayenesahlulo esiphindwe kabini sawo. Ngoku, washumayela malunga namashumi asibhozo eminyaka, okanye wayemalunga namashumi asibhozo eminyaka ubudala. Wagula waza wafa. Ngoku, akazange abuyele eKhaya njengokuba wenzayo u-Eliya. Yabona? Bobabini bamelwe phaya eBandleni; abanye abangcwele bayahamba, kwaye abanye baphumle. Kodwa qaphela xana u-Eliya wathatyathwayo wenyuselwa eluxwilweni; emva koko u-Elisha waya kulala, kuThixo, ezele ngamandla adlisa ubomi. Jonga kwisiprofeto sakhe kanye ngaphambi kokuba afe. Yabona?

¹⁷⁷ Ngoku, mandikubonise. Andikhathali nokuba ufile na, okanye uphi na, la mandla adlisa ubomi akasuki. Kwiminyaka neminyaka emva kokufa kwakhe, inyama yakhe yabola, iimpethu zayidla zayigqiba. Kodwa babethwele indoda efileyo, ngenye imini, bayiphosa phakathi kuloo mathambo, kwaye kwakukho amandla amaninzi adlisa ubomi apho yade indoda

yabuyela ebomini kwakhona. Haleluya! Ayivusa kwabafileyo, ngokuba la mandla adlisa ubomi ayephezu kwaloo ngcewele kaThixo, akazange ayishiye, ahlala kanye kuloo mathambo.

¹⁷⁸ Owu, khumbula, siyinyama yenyama Yakhe, ithambo lamathambo Akhe, ukuba singuMtshakazi Wakhe. Ukufa akuyi kuwakhathaza loo mandla adlisa ubomi konke konke. “Nokuba iimpethu ziwudlavula loo zimba, kodwa enyameni yam ndiya kumbona uThixo.” Uzuko kuThixo! Yintoni i. . . Andakwazi oko ndikuthethayo. Elinjani lona ithemba kwixhego elinjengam, ndisazi ukuba ndiyalibona ixesha lam lesiphelo kanye phaya ngaphesheya, njengamashumi amahlanu anesithandathu eminyaka ubudala.

¹⁷⁹ Ukusukela ndisemncinci inkwenkwe ndiye ndema apha, ndizama ukubhengeza Oku. Kodwa ndiyazi ukuba ngaphakathi kum, akukho nto ilungileyo endinayo, akukho nto ndiyenzileyo, kodwa ngaphakathi kum ngala mandla adlisa ubomi; andidlisa ubomi ngenye imini ukusuka kwizinto zehlabathi, njengomfana, andisa kuBomi obunguNaphakade. Owu, izinto ezenzekileyo! Ndiyibonile imibono, ndazixela izinto phambi kokwenzeka. Akazange avumele nantoni na isilele. Ndathetha ngezinye iilwimi. Ndiprofetile. Ndizenzile ezo zinto ngoMoya kaThixo ohleli kum. Lawo ngamandla adlisa ubomi. Ndiyazi ukuba ngenye imini. . .

¹⁸⁰ Umhlawuleli wam uhleli ngoku. Kwaye ngenye imini xana Esiza, la mathambo ayakuvuka kwakhona, aye kuMhlangabeza esibhakabhakeni. Ungandingcwabela elwandle, unditshise, naphi apho uthanda khona. Laa mandla adlisa ubomi anguNaphakade. Whew! Ndiyaluva uvuko kanye ngoku. Ewe, mhlekazi. Ndibe nalo iminyaka. Lungaphakathi kum.

¹⁸¹ Lungaphakathi kuwe. Ukuba, nina, uMoya owamvusayo uYesu kwabafileyo uhleli kwimizimba yenu enokufa, Ukudlisa ubomi ukusuka kwizinto zehlabathi, ukusa kwiLizwi likaThixo lodwa. Ukudlisa ubomi ukusuka kobomi ukuya kuBomi obunguNaphakade. Nina enanifudula nifile nje esonweni nakwisigqitho niye nadlisa ubomi kunye naye, ukuhlala kwezaseMazulwini iindawo noKristu Yesu, nisidla kwiMana evela eNtla, nisibona isandla sikaThixo sibonakalalisiwe, siqondakalisa idinga lalo mhla.

¹⁸² “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, kuyakuba njalo ekufikeni koNyana womntu. Babesidla, besela, betshata, besendiswa. Kwaye njengoko kwaba njalo ngemihla kaLothe, ke kuyakuba njalo nangeeyure ayakutyhilwa ngayo uNyana womntu emhlabeni,” hayi uNyana kaThixo, hayi kwakhona. “Nyana womntu,” ubuye njengoMyalezo wesiprofeto somhla wokugqibela xa ela khozi luyakuphaphazela; hayi ingonyama; hayi inkomo ngesigaba samadini. Yabona?

183 Ngalo lonke ixesha, igunya elithile lenkolo laliphuma lisiya kuhlangebezana nocelomngeni lwegunya lobupolitika lehlabathi. Xana ingonyama yavukayo, amandla enkolo, yaya kuhlangezana namandla obuRoma.

184 Kwaze kwathi kwakufika iyure yedini, yahamba inkomo, ngokuba iliRhamnawa ledini leNkosi.

185 Kwaze kweza abahlaziyi, ukwehla kuzo zonke izigaba zebandla, beza ubuso bomntu. Kwaye abahlaziyi babekho ukusukela kuLuther, uWesley, owu, uCalvin, ukwehla, ukwehla, kwisigaba sepentekoste.

186 Kodwa kuMyalezo wokugqibela owaphumayo, kweza ukhozi oluphaphazelayo. Lixesha lokhozi, ixesha lokutyhila, iLizwi likaThixo libonakalalisiwe, iLizwi likaThixo liqondakalisiwe. Owu, bantwana, hambani ningene kolu bhaptizo loMoya oyiNgcwele. Ngenani kwaye nilukholelwe, ngentliziyo yenu yonke, uThixo uyakunizalisa.

187 Jonga apha ngoku. Sifumene ngoku, khumbula, “Siyinyama yenyama Yakhe, nethambo lethambo Lakhe.” Njengokuba uThixo wawakhuphayo engcwabeni amathambo nyama yakhe, akanako ukumfihla umntu onawo amandla. Ukufa akunakumthabatha. UYesu wathi, “Bonke aNdinike bona uBawo baya kuza kuM. Ndiya kubavusa ngomhla wokugqibela.” Owu, bethu! Uvuko! Kutheni, silapha kanye kuvuko. Xana Wavukayo, savuka kunye naYe. Wathumela isicaphulo emva. Sisibambile, njengobhaptizo loMoya oyiNgcwele. “Uyaphila ngonaphakade; ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” AmaHebhere 13:8 angqina oko. Uyinto enye.

188 Abathanjiswa Bakhe abangoMesiya bayakukholelwa oko. Uyintoni uMesiya? Uyintoni uMesiya? *UMesiya* ngo “thanjisiweyo Yena.” Kwaye ngoku ukuba WayenguMesiya, ngokuba ngothanjisiweyo Yena waloo mhla, ukuzalisekisa iLizwi likaThixo, ukuba abe nguMhlanguli nothanjisiweyo Yena, kwaye uThixo wawuvusa loo mzimba, uMtshakazi Wakhe unguMthanjiswa walo mhla, Sele uvusiwe kunye naYe eluvukweni, ngokuba, “Aba Babini baNye.” Amen.

189 Ndi—ndinqwenela bendinokuyixela ngendlela endiyibona ngayo. Ndinqwanela bendinemfundo endinokuyenza ngayo. Yabona? Ndi—ndiyathemba ukuba uyayibona. Ndiyathemba, Thixo, uMoya oyiNgcwele uyehla phaya aze akubeke entliziyweni yakho, ukuze ubone ukuba ndithetha ukuthini na.

190 Uvuko, ngoku siseluvukweni. Sihleli kunye naYe eluvukweni, kodwa kuphela ngabo banoBomi.

191 Hayi abo bangenabo uBomi. Abasayi kuYazi. Abasayi kuze baYazi. Bayakuqhubeka becinga ukuba bafumana uMoya oyiNgcwele, bayasindiswa, kwaye uXwilo luyakuba seluphelile

kwaye lungasekho. Wathi, “u-Eliya uselefikile, baza benza ngolo hlobo, anazanga ke nina.” Yabona?

¹⁹² Qaphela. Ukufa akuwamisi amandla adlisa ubomi kaThixo. Qaphela. Ukufa akunakukumisa.

¹⁹³ Uthi, “Ke, umama wayengumfazi ozaliswe nguMoya. Utata wam zange ndayibona indoda egcwele amandla njengotata wam. Kodwa wafa, Mzalwana uBranham.” Ngokuqinisekileyo. Oko akuzange kumise amandla adlisa ubomi.

¹⁹⁴ UMoses wayenaloo mandla adlisa ubomi. Uyakholwa yiloo nto? Akuzange kubekho mntu unjengaye emhlabeni, de kwaba nguYesu. Kuba akazange abone imibono kuphela, wayethetha ubuso ngobuso noThixo.

¹⁹⁵ Kwanomprofetikazi, uMiriya, waliphikisa ilizwi lakhe ngenye imini. Wathi, “Awumoyiki na uThixo? Qwalasela umkhonzi wam, uMoses. Akukho mntu ehlabathini unjengaye, ngeli lixa. Akuzange kubekho mntu unjengoMoses. Ndithetha kuMoses. Wakhe wathini, eyayingeyonyani leyo? Yabona? Ndithetha kuMoses. Awumoyiki na uThixo? Musa ukuthetha nelizwi ngokuchasene naye.” Kwaye kanye phaya wabethwa ngeqhenqa kwaye—kwaye wayesifa. Akazange aphile ixesha elide, emva koko. UMoses wamthandazela.

¹⁹⁶ Waze uMoses wenyuka intaba, kwikhulu elinamashumi amabini eminyaka yolungiselelo, okanye amashumi asibhozo eminyaka yolungiselelo; ikhulu elinamashumi amabini obomi, waqabela iintaba waza wafa, kwaye wangcwatyelwa entlanjeni. Kodwa loo mandla adlisa ubomi ayephezu kwakhe. Malunga namakhulu asibhozo eminyaka kamva, nanku ekhona, emi phezu kweNtaba yoTshintsho. Amen. Wayeyintoni? Wayequkiwe kolo vuko. Ngokuqinisekileyo, wayenjalo. Wayenamandla adlisa ubomi kaThixo. Nanko emile.

¹⁹⁷ Khangela kuYobhi, u-Abraham, u-Isake, abangcwele ngomhla wovuko, laa ntsasa inkulu awathi uYobhi nabo bonke babesazi ukuba iyakufika. Xa wathi, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli,” kumakhulu namakhulu eminyaka ngaphambi kukaKristu. Yiyo, eneneni, iNcwadi kaYobhi yabhalwa ngaphambi kweGenesis, babanga, eyona Ncwadi indala eBhayibhileni.

¹⁹⁸ Kwaye kwizilingo zakhe, kwaye njengoko sidlula ngoku. Kwaye inkosikazi yakhe, nkqu, into esondeleyo kuye emhlabeni, yathi, “Kutheni ungamqalekisi uThixo uze ufe ukufa?”

¹⁹⁹ Wathi, “Uthetha njengesidenge somfazi. INkosi inikile, iNkosi ithabathile, malibongwe iGama leNkosi.”

²⁰⁰ Kwaye emva koko xana uMoya kaThixo wehla phezu kwakhe, waza waqala ukuprofeta, wathi, “Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma phezu kwalo mhlaba. Nokuba iimpethu ziwudlavule lo mzimba,

kodwa enyameni yam ndiya kumbona uThixo.” Kwaye wenza indawo yokuzingwabela. Wathi, “Siza kuwuthenga lo mhlaba.” Wathenga khona waza wazingwaba.

²⁰¹ Kamva, kufika indoda ebizwa Abraham. Ibandla likhula, lisiya phezulu. U-Abraham, ke, ngoku, wayenawo amandla kaThixo, kananjalo, uBomi banaphakade, obunguNaphakade, ngokuba uThixo wambiza. Ngoku qaphela. Xa wafayo, okanye uSara wafayo, wathenga isiqwenga somhlaba ePalestina, kufutshane nengwaba likaYobhi, waza wamngwaba uSara. Wafa u-Abraham kwaye ngokunjalo wangcwatywa noSara. U-Abraham wazala—wazala u-Isake.

²⁰² Kwaye u-Isake, xana wafayo, walala no-Abraham, kwakweswo siqwenga somhlaba. Ngoku, xana, u-Isake wazala uYakobi . . .

²⁰³ UYakobi wafa, kude ezantsi eYiphutha. Kodwa ekubeni engumprofeti, ngoku, enala mandla, la mandla adlisa ubomi, wathi, “Ningandingwabeli apha ezantsi, Yosefu. Yiza apha, nyana wam ongumprofeti. Beka isandla sakho phezu kwalo sikrotyana athe uThixo wawuqhwalalisa. Ndifungele uThixo weZulu akuyi kundingwabela apha.” Yayiyintoni eyayikuloo ndoda? Kwakutheni ukuze iYiputa ingabi ntle njengayo nayiphi na indawo? Wayengumprofeti. Uyazi ukuba lwaluza kuba phi olo vuko. Lwalungazi kuba seYiphutha; lwaluya kuba sePalestina. Wathi, “Beka izandla zakho phezu kosikrotyana wam okhubazekileyo, uze ufunge ngoThixo endimkhonzayo. Ungunyana wam umprofeti, okokuba, akuyi kuwangcwabela apha amathambo am. Ndithabathele phesheya ngaphaya, undingwabe.”

²⁰⁴ UYosefu, engumprofeti, kananjalo, wabeka izandla zakhe phezu koyise osisiqhwala. Wathi, “Ndifungile uThixo ka-Abraham, Isake, Yakobi, ukuba andiyi kukungcwabela apha.” Bamnyusa bamngcwabela kwelo zwe. Ngokuba? Ngokuba?

²⁰⁵ Xana wafayo uYosefu, wathi, “Ningandingwabeli ezantsi apha. Ningandingwabeli ezantsi apha.” Ngokuba? UThixo unguThixo kuyo yonke indawo, kodwa unecebo. UYosefu wayengumprofeti. Wathi, “Ngenye imini,” mamela, amazwi akhe, “iNkosi uThixo iya kuphinda-inive . . . iya kunivelela, anikhuphe kweli lizwe. Kwaye xa nihamba, niwathabathe amathambo am.”

²⁰⁶ Loo mandla adlisa ubomi ayekuloo mathambo. Owu! “Ukuba uMoya waLowo wamvusayo uKristu kwabafileyo, uhleli kuni, uyakuyenza iphile imizimba yenu enokufa.”

²⁰⁷ “Musani ukubeka amathambo am apha. Wangcwabeleni phaya phezulu kunye nabo bedinga.”

²⁰⁸ Xana uYesu weza, apha, ndineSibhalo apha, uMateyu 27:51. Xana uYesu wavukayo kwabafileyo, uYobhi wakubona oko kufika, wathi, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli.

Ngemihla yokugqibela, Uyakuma phezu kwalo mhlaba. Nangona iimpethu ziwutshabalalisile lo mzimba, kodwa enyameni yam ndiyakumbona uThixo. Ndiyakumbona Yena.” Babesazi. Yayingumprofeti lowo. U-Abraham wayengumprofeti. U-Isake wayengumprofeti. UYakobi wayengumprofeti. UYosefu wayengumprofeti. Kwaye babenesityhilelo sikaThixo, ngokweLizwi Lakhe. Kwathi ngaloo ntsasa yePasika, akufika Lowo wabakhulula bonke abo babekholiwe kuYe, bavuka, nabo, ngokweBhayibhile.

²⁰⁹ Loo mandla adlisa ubomi angena engcwabeni likaYobhi, apho kwakungasekho necephe lothuli lamathambo akhe. Emva kwawo onke loo makhulu, namakhulu, namakhulu eminyaka, amathambo akhe ayebolile. A—abuyela emva, aza ajika abuyela kwiigesi zomhlaba, kwaze kwabakuphela nje uthuthu lothuli lulele phaya. Kodwa, nangoko, xana loo mandla adlisa ubomi, ngokweLizwi likaThixo, ngokwedinga, amakhulu namakhulu, ewe, amawaka eminyaka kamva, xana loo mandla adlisa ubomi akhutshwayo engcwabeni; UYobhi, u-Abraham, u-Isake, uYakobi, bonke bebonke, baphuma engcwabeni kunye naYe.

²¹⁰ IBhayibhile yatsho njalo. UMateyu oNgcwele, isahluko sama-27 kunye nomqolo wama-51, sathi, “Uninzi lwabangcwele ababelele eluthulini lomhlaba, lwavuswa lwaze lwaphuma emangcwabeni kunye naYe, ekunyukeni Kwakhe ngentsasa yePasika.” Ngokuba? Babenako oko kwakunokwenzeka. Babenaloo mandla adlisa ubomi, yabona, kwaye bavuka kwabafileyo, baza bahamba naYe eluvukweni. Bakonwabela ukuvuka kunye Naye, ngokuba babezele loo mandla adlisa ubomi. Babenalo elatywina lokwenene lwePasika.

“Ke,” uthi, “Akwaba ndandiphila emva phaya kwiTestamente eNdala.”

²¹¹ Linda umzuzu. KwabaseTsal-,... KwabaseTesalonika Bokuqala, isahluko se-4, umqolo we-16, ndifuna ukuba uyifunde loo nto. “Andingethandi ukuba ningazi, bazalwana, mayela nabalele ukufa, ukuze ningabi buhlungu, njengabanye abangenathemba. Kuba, ukuba siyakholwa ukuba uYesu wafa, wabuya wavuka ngomhla wesithathu,” hayi ukholo lokuzenzisa, kodwa siyakholwa yiyo, “kwangokunjalo nabo abalele kuYe uThixo wokuza nabo Yena.”

²¹² Abangcwele beTestamente eNtsha abanaloo mandla adlisa ubomi, bayakuvuka, kananjalo, ekuBuyeni Kwakhe kwesibini; kanye njengokuqinisekileyo njengabangcwele beTestamente eNdala kunye nawo onke amandla adlisa ubomi emathanjeni abo, kunye neenguqulelo namandla, nanjalo njalo, oko kubonakaliswe ngoThixo. Abo baprofeti abo iLizwi likaThixo leza kubo, bavuka kunye naYe ngaloo ntsasa yovuko; kunye nedinga likaThixo lokuba bonke abakuKristu Yesu

kanjalo bayakuza kunye Naye eluvukweni Lwakhe, amandla adlisa ubomi kaThixo phezu kwamathambo.

213 Akumangalisi, sibeka izandla phezu kwabagulayo. Akumangalisi, siyathandana. Singabazalwana noodade. Asifanele sithiyane ngenxa yokuba silungiswa liLizwi likaThixo. Kufuneka sithandane, kwaye sihloniphane. Uyazi, ukuba awukwenzi, ayisayi kukunceda.

214 Kukho umfo omncinane ohleli kanye apha, lowo, phantsi kweli bandla ngoku. Kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo... Loo ndoda iyakholwa. Inkwenkwana endala yayinomhlaza endlebeni yayo, kwaye yayingayi kuthetha nto malunga nawo. Yayisebenza phezulu phaya endlwini. Bendikuhambo lokuzingela kunye nayo, phaya phezulu nabazalwana bakwaMoseley, noMzalwana uDawson apha. Sasilapha phezulu sizingela, unyana kaMzalwana uWilliam. Kwaye kwenzeka ukuba ndijonge ngaphaya endlebeni yayo, kwaye ndabona indlebe yayo idumbile, kwaye Ndathi, "Yintoni ingxaki, Donavon? Loo ndlebe!"

215 Wathi, "Mzalwana uBranham, ibilixesha elide. Andazi."

216 Ndasuke—ndasuka ndambamba ngesandla apho. Yayingumhlaza omkhulu lowo endlebeni yakhe. Zange ndithethe nelizwi elinye; ndiyibambe nje, ndacinga, "Mzalwana wam!" Ngosuku okanye ezimbini emva koko, kwakungekho nesiva esishiyekileyo. Yayikukuhlonipha kwakhe kuThixo weZulu, ngamandla Akhe adlisa ubomi, abulala laa mhlaza wasindisa ubomi bukaDonavon Weerts emva phaya. Injalo lo nto.

217 Ziziphi ezi zinto? Khangelana apha, bantu apha ePhoenix. Khangelani kuni bantu niye nakholelwa koku. Jonga abantu abanale nto, babeka izandla zabo phezu kwakho. Khangelana okwenzekayo. Ngamandla adlisa ubomi. "Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo." Ukuba bathe babeka izandla zabo phezu kwabagulayo, loo mandla adlisa ubomi, ukhozi elukhozini, into ethile izakwenzeka. Ngoku, ukhozi ukuya kwisangxa, ayiyikusebenza. Ukhozi ukuya elukhozini, luyavuka ukusuka eshedini, ukuya kwezaseZulwini. "Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo," xana bobabini besenkolweni.

218 Bona kwaloo mandla manye kaThixo adlisa ubomi amelwe kwaba baprofeti babini, u-Eliya no-Elisha. Qaphela, igama elinye; omnye wabo *uyaxwilwa*, omnye *uthatyathelwa phezulu*. *Ukuxwilwa* nokuthatyathelwa phezulu. Yabona? Wathatyathelwa phezulu. Siyakuxwilwa; sithatyathwe kunye nabo, sidibane nabo emoyeni. "Sixwilelwe phezulu ukuya kudibana nabo emoyeni."

219 Qaphela, intaka imelwe kukuba namaphiko amabini, ukuze izizizinzise. Injalo lonto? U-Eliya wayeliphiko lokuguqulela, u-Eliya. U-Elisha wayeliphiko lovuko. Yabona? Bobabini,

ngokudibeneyo, bemele abangcwele abaphilayo kunye nabangcwele abandulukileyo.

²²⁰ Khumbula, wadliswa ubomi ukuze abone ngaphaya, kwemikhusane. Indlela aba bantu badliswa ubomi ngayo phaya emva ukuba bajonge ngaphaya komkhusane babone ezantsi ngeli xesha; abo baprofeti!

²²¹ Khangela kuPawulos, wathi ngemihla yokugqibela bayakuba njani aba bantu, benze kwaye bazibize ngokuba ngaMakristu. Wayengumprofeti, ezele ngamandla adlisa ubomi, wayibona kwangaphambili isenzeka. Siyayikholelwa loo nto, akunjalo? Wafumana amandla adlisa ubomi.

²²² Jonga kumandla adlisa ubomi namhlanje, ukuxela kwangaphambili izinto, kungekho nasinye isiganeko esiphoswayo. Akukho nalinye ixesha ethi esilele. Amandla adlisa ubomi; ingengawo amandla omntu; amandla kaThixo. Amandla, isicaphuli sePasika, uYesu ovusiweyo owathumela isicaphuli, ukusiqinisekisa ukuba sele sidliswe ubomi kunye naYe.

²²³ Qaphela, niyayikhumbula incwadana, aMadoda angooSomashishini apha, *Ukujonga Ngaphaya Komkhusane Wexesha?*

²²⁴ Kwaye ndiqalisa ukuba mdala, ndisazi ukuba iintsuku zam ziya zisiba mfutshane, kwaye ngenene ndiba... Ndidlala elaa culo beliculwa ngala manenekazi kwixesha elidlulileyo, bendinalo isithuba esimalunga neshumi elinesibhozo, amashumi amabini eminyaka ngoku, *Ndifuna Ukuyithetha Iphela, Nkosi*, ndize ndiphume ndiye kuthandaza, aze loo mandla adlisa ubomi afike, Ndiphumle, ndaze ndajonga Phaya phezulu, ndaza ndathi, "Jonga ngaphaya!"

²²⁵ Ndikhumbula loo ntsasa, ndifunqulelwe ngaphaya. Kwaye inkosikazi yam, ehleli phaya emva, elele ebhedini enye nam ngaloo ntsasa. Ndaphakanyiswa, ndaza ndajonga phezulu. Kwaye nankuya ephaya, elele. Ndathi, "Ukuba kukho into endizakuyenzela iNkosi, kungcono ukhawuleze, mfana. Udlule kumashumi amahlanu." Waze uMoya oyiNgcwele wandifunqula wemka nam, ndaze ndajonga ngaPhaya. Ndibabonile abo bangcwele, ngokuqinisekileyo njengokuba ndimi apha ecaleni kwale desika, nale Ncwadi ingcwele ilele apha, kunye nomlungiseleli weVangeli.

²²⁶ Ndakha ndanixelela nantoni na eGameni leNkosi kuphela oko kwenzekayo? Ukuba ndiyenzile, ndifuna nindixelele malunga nayo. Ngalo lonke ixesha, ingaba bekugqibelele, eqongeni? Ngalo lonke ixesha, ingaba yenzeka kanye njengoko Watshoyo? Oku ibingu ITSHO INKOSI.

²²⁷ Ndema phaya, ndajonga ngaphaya kwela xesha. Ndabona amashumi amawaka aphindwe ngamawaka esiza, abafana nabafazi, bebaleka, bephosa iingalo zabo ukundigona,

bekhwaza. Ndajonga kanye ngasemva ndaza ndazibona ndingqengqe ebhedini. “Owu Nkosi, mandijonge ngaphaya komkhusane wexesha.”

²²⁸ Ingaba yintoni? Ngamandla adlisa ubomi aya kusibamba simke. Loo mandla makhulu adlisa ubomi. Amandla adlisa ubomi afika kule mihla yokugqibela.

²²⁹ Oko koko endilapha e-Arizona ngenxa yako, kanye ngoku. Kukho abantu abaninzi abahleli kanye apha, bemi kanye apha ePhoenix, kwaye bandivile ndinixelela kweli qonga, “ITSHO INKOSI.” Bangaphi abayikhumbulayo? “Hamba ngoku. Into ethile ilungiselela ukwenzeka.”

²³⁰ Ndabona iiNgelosi ezisixhenxe zisiza. Ulindixesha *iLife* ayikhange iyiphathe, njengokuba inkungu yaYo yayindanda apha, amashumi amabini anesixhenxe eemayile ukuphakama, namashumi amathathu emayile ukunqumla? AsingoFred Sothmann, aba abanye, uGene Norman, bona, abahleli phaya emva? Bema kanye apho xa ezo Ngelosi zisixhenxe zavela kanye apho endulini. Yashukumisa iinduli, iimayile ukujikeleza, ngolo hlobo. Nako kwakumi iiNgelosi ezisixhenxe. Kwaye waphosa ikrele esandleni sakho, wathi, “Yiya ekhaya uvule la Matywina aSixhenxe anikiweyo.” Kwaye nanga, imfihlelo yokwenene yomtshato noqhawulo-mtshato, nembewu yenyoka, kunye nazo zonke ezi zinto bekuxanjuliswana ngazo. Ngu ITSHO INKOSI.

²³¹ Ingaba yintoni? Amandla adlisa ubomi esiza eBandleni, Elenza ukuba lilungele, le yure sisondelela kuyo. Amandla adlisa indalo!

Owu Thixo sincece siYamkele. Sincece siYikholelwe.

²³² Yabona, kuxhomekeke nje kwisimilo sakho osithathayo kuYo, nokuba Iyakukwenzela nantoni na, okanye hayi, nangona kunjalo. Yabona? Umelwe kukukholwa Yiyo. AkuYikhholwa, Ayizukunceda nakancinci.

²³³ Indlela uSamuweli omdala wema ngayo phambi kwaba bantu, “Ingaba ndakhe ndanixelela nantoni na eGameni leNkosi kodwa oko kwenzekayo? Ndakhe ndanicela imali yenu, ukuba ndiphile ngayo?”

“Hayi, kodwa sifuna ukumkani, nakanjani na.”

²³⁴ Yiloo ndlela ibandla eliyiyo namhlanje. Lifuna ezalo iingcamango. Aliyi kukuthathelela nencinci ingqwalasela. Bahamba bejikeleza kanye. Ke, kubonakala nje, amandla adlisa ubomi akakho phaya.

²³⁵ “Owu,” uthi, “ke, ndathetha ngeelwimi. Ndaxhuma ndakhwaza.” Ilungile yonke loo nto.

²³⁶ Kodwa ukuba la mandla adlisa ubomi akhona, uyakuqaphela. Njengela khozi luncinane; ngumama wakhe lowo. Elo liLizwi. Lowo ngu ITSHO INKOSI. Yiloo nto uThixo ayithembisileyo. Yiloo nto eyaxelwa kwangaphambili.

Yiloo nto kanye eyenzekayo. Singaphaya kwalo naliphi na ithunzi lentandabuzo, ngokunokwenzeka eluvukweni ngoku, abangcwele belungiselela ukunyuselwa phezulu emoyeni.

²³⁷ Ke, uYesu, ezele kakhulu ngala mandla adlisa ubomi, wathi, “Ukuba ninako ukuyichitha le tempile, eyanithathayo iminyaka engamashumi amane, nicinge, ukuyakha, Ndiya kuyivusa ngeentsuku ezintathu.”

²³⁸ Ngokuba? Ngokuba kwakutheni ukuze uYesu atsho? Ndifuna ukukubuza. Kwakutheni ukuze uYesu athethe into elolo hlobo? Wayesazi ukuba WayenguYe. Amen. Akwaba bendinokuyenza lonto inamathele. Wayesazi ukuba Wayengubani na Yena. Wayesazi ukuba, lonke iLizwi, uThixo awayelibhale apho ngaYe, Wayelizalisekisile. Wayesazi ukuba wayenguLowo uDavide wayethetha ngaye.

²³⁹ Ingaba niyayazi ukuba ningabo iBhayibhile ithetha ngabo? Ingaba uyayazi ukuba isikhundla sakhokristu? Ukuba ukuKristu, usisidalwa esitsha. Ingaba uyalazi ukuba eli Lizwi lifana nje nobomi bemihla ngemihla, kuwe? Kutheni, ngokuqinisekileyo. Lelakho. Ulukhozi. Kukutya kwakho oko.

²⁴⁰ Wayesazi ukuba, ngamandla kaThixo, Uyakuyenza, ngokuba kwakuprofitiwe ukuba Uyakuyenza. Eso sisizathu Wayengoyiki ukuthi, “Yidilizeni le tempile. Ndiya kuyivusa ngeentsuku ezintathu, ngokuba uDavide wathi, ‘Andiyi kuwushiya umphefumlo Wakhe kwelabafileyo, ndingayi kumyekela oyiNgcwele waM abone ukubola.’” Wayesazi ukuba akukho nanye iseli yomzimba Wakhe eyayiya konakala. Kwaye yonakala kwiiyure ezingamashumi asixhenxe anesibini. Wathi, “Yidilizeni le tempile. Ndiya kuyivusa kwakhona, kwezo ntsuku zintathu.” Ngokuba? Wayezele kakhulu ngaloo mandla adlisa ubomi wona adlisa ubomi lonke iLizwi. Wakhangele emva wabona lonke iLizwi uThixo walibhala ngaYe, kwaye umprofeti wathi Walifezekisa. Wayesazi ukuba oko kuyakufezekiswa, kanaanjalo.

²⁴¹ Ngoku, lonke iLizwi alithethileyo uThixo, ingaba umoya wakho uthe “amen” kuLo, Lizalisekile ebomini bakho, njengekholwa?

²⁴² Ingaba uyazibamba kwinto ethile, uthi, “Ke, icawa yam ifundisa ngokwahlukileyo”? Ngoko lumka, khetshe.

²⁴³ Qaphela. Amakhozi ayakholwa. Akukho mbuzo, kuwo. AyaLikholelwa. Qaphela.

²⁴⁴ Ngoku, Wayesazi ukuba iyakwenzeka ngokuba iLizwi lathi yayiLilo. Kwaye lonke iLizwi elibhaliweyo ngaYe lalimelwe kukuzaliseka. Wayesazi ukuba Yayibhalwe ngamandla kaThixo, ngabaprofeti abangcwele ababeprofetile ukuba Uyakuyenza loo nto.

²⁴⁵ Kwaye isiprofeto asize sisilele. Asinako. ILizwi likaThixo alinakusilela. Kwaye kubhaliwe e...ngoMoya lowo...Kwaye ngoku, kanjalo, uMoya owamvusayo uYesu kwabafileyo, ukuba Uhleli kubuqu bakho, emzimbeni wakho, Uyakuwudlisa ubomi kananjalo umzimba wakho onokufa. Emva koko, wudubule, wutshise, yenza nantoni na ofuna ukuyenza, hlekisa ngawo, wudilize, wuchithe, yenza oko ufuna ukukwenza. UThixo uyakuwuvusa, kuba Wathi Uyakuwuvusa. Kwaye wonke ongcewele kaThixo unalo elo dinga kuye, uyazi ukuba yiNyaniso leyo. Ke, musa ukoyika, mzalwana, sele sikuVuko.

²⁴⁶ Jonga ngoku ekwenziweni kumila kumbi, kanye phambi kokuba sivale. Ukwenziwa kumbi, ukwenziwa kumila kumbi, simelwe sonke apho ekwenziweni kumila kumbi. Jonga oko sikubonayo namhlanje. Qaphela kanye le nto siyibonayo namhlanje, amandla kaThixo adlisa ubomi. Sasiphaya sonke. Kwakukho abangcewele abafileyo, bemelwe kuMoses; kwakukho uvuko; noYesu Kristu ezukisiwe. u-Elisha...UMoses, u-Eliya, noYesu, bemi bonke entabeni; abangcewele abafileyo, abangcewele abaxwiliweyo; noYesu ezukisiwe. Owu, bethu!

²⁴⁷ Ke, uthi...Ndive umfo esitsho. Baya kuthi, "Nina bantu, kutheni, ukuba beninolu hlobo lwamandla, benimelwe kukuba niphume nixelele abantu into eninokuyenza." Makube lee kumKristu wenene, ukuthetha into elolo hlobo. Yabona? Ngokuqinisekileyo, asibangi amandla. Ukuya...

²⁴⁸ Kodwa senza into enye. Bathi bakubhekabheka, kunye nawo onke la mandla phezu kwabo, "Babona uYesu kuphela." Kwaye elenene, ikholwa lenene alikhathali nokuba lixhasa ihlelo na, okanye akukho nto ngalo. Lifuna into enye kuphela, ukuze wena ubone laa Kristu uzukisiweyo, yenze nawuphi na umahluko. Awenene, awenyani amava eNtaba Yotshintsho azukisa kuphela uYesu Kristu. Akazange azukise uMoses, akazange azukise u-Eliya, abazange bazizukise, akazange azukise nanye into engenye, kodwa babona uKristu ozukisiweyo. Kwaye naliphi na ikholwa lenyaniso, yiloo nto esentliziyweni yalo, ukuzukisa uYesu Kristu. Yiloo nto azama ukwenza ukuba abantu bayibone.

²⁴⁹ Hayi ukuthi, "Ke, ukuba uyeza ukujoyina amaqela ethu, ukuba uyeza wenze *oku* okanye wenze *okuya*." Owu, musa ukuyenza loo nto. Musa ukuyenza loo nto.

²⁵⁰ Bona iLizwi likaThixo, elinguKristu, lisenziwa likhulu; kwaye lizalisekise idinga lalo mhla, kule yure inkulu yovuko. Qaphela. Kwaye kubanika uvuyo, ukwazi ukuba sikuYe, inyama yenyama Yakhe, nethambo lamathambo Akhe. Olunjani lona uvuyo! Yiloo nto kuphela ikholwa lokwenene elikhathalayo ngayo.

²⁵¹ Abakhathali ngehlelo. Abakhathali ngombutho. Abakhathali malunga nokuba abanye abafazi bacinga ntoni. Abakhathali. Ngokuqinisekileyo akunjalo. Abayi

kuzenza ezi zinto...aba abanye abafazi bazenzayo. Bona...La madoda akayi kuzenza ezo zinto. Abazukuhlala kwaye bafekethisane nombutho othile, bavimbele ukuba bangagxothwa, kwaye besoyika ukuba abayi kuba netikiti lokutya. Abazikhathalelanga zona ezo zinto. Bubuvuvu kubo.

²⁵² Mnye kuphela umnqweno wentliziyu, oko kukuthi, ukubona uYesu Kristu ezukisiwe. Ihambo yabo ifanele ibe noThixo. Kufuneka ngokupheleleyo, hayi enye into yimbi, koko nje ubuqaqawuli bukaYesu Kristu. Yaye yintoni uYesu? Ilizwi. Injalo lonto? Ngoku, qaphela, kwaye ubona indlela Yakhe ekwanye engqinelweyo, eqondakalisa uvuko Lwakhe. Ngoku yintoni? Ukubona ubomi bakho, ngeLizwi Lakhe ledinga Awathi, "Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade," ebonisa ukuba Usaphila.

²⁵³ Andikhathali nokuba yonke iminyango yelizwe ivaliwe kum. Okokuba, ndi...Njengoko benditshilo, ndandinamashumi amahlanu anesithandathu, ngenye imini. Ndingakhutshwa ngesiqophe. Ndikwiminyaka yokuhlaselwa yintliziyu. Ndikubo bonke obu budala, nayo yonke into engenye. Ke, yintoni umahluko? Ayenzanga namnye umahluko kum xana ndandisengumntwana. Ayenzi namnye umahluko ngoku, yeyiphi iyure ebizwa ngayo inombolo yam, kunye nekhadi lam eliphuma kwindawo yokubeka. Andikhathali nokuba bakhe bazi ukuba ndakha ndaphila emhlabeni. Ayenzi mahluko kum. Akuyomfuneko ukuba babe namatye ezikhumbuzo amakhulu nezakhiwo ezikhulu ukuze bathi ndandilapha emhlabeni.

²⁵⁴ Inye kuphela into endifuna bayazi, ukuba bayazi ukuba "UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Kwaye entliziyweni yam ndibambe isicaphulo Sakhe. Kwaye ndiyazi ukuba ngenye imini... Nangona, ndingarhaxwa elwandle. Ndingabulawa e-Afrika. Andazi ukuba kuya kwenzeka ntoni kum. Kodwa inye into endiyaziyo, ndibambe isicaphulo. Haleluya! Wonke umnyango unokuvalwa. Loo nto ayenzi nantwana yamahluko kum. Andizami kuzukisa indoda ethile okanye umbutho othile, okanye isiqu sam, okanye nalinye lamaqela, okanye nantoni na eyenye. Ndifuna abantu babone uYesu Kristu uvusiwe kwabafuleyo, noMoya Wakhe uyaphila. "Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade."

²⁵⁵ Akumangalisi, uYesu wathi, "Musa ukoyika. NdinguLowo wayefile, kodwa ndingodla ubomi ngonaphakade."

²⁵⁶ "Kuba ngoku sihlangulewe nguYe, savuswa naYe, kwaye ngoku (asiyi kuya kuba) sihleli kwiindawo zaseMazulwini kuYe." Ngoku, xana sinawo loMoya kuthi, isicaphulo, ibonisa ukuba onke amathandabuzo acinyiwe. Intoni? UKristu uyaphila. Hayi *ndi* yaphila; ayindim. "UKristu uphila kum." Asinguwe ophilayo, kodwa uKristu uphila kuwe; ngokuba iLizwi Lakhe

eliphilileyo lihleli kuni, libonisa ukuba zonke iingxelo zawo onke amaWisile enu, namaBhaptizi, neembono zobuPentekoste, nayo yonke engenye, yatshitshiswa. Kwaye uYesu Kristu . . .

²⁵⁷ NjengakwiNtaba yoTshintsho, bonke abaprofeti nayo yonke enye into igqityiwe. Yonke imihla yamaLutere, amaWisile, amaRhabe, yonke ilungile, kodwa, “Lo nguNyana waM oyintanda. Mveni Yena,” iLizwi lale yure, iyure yaMatywina. Xana, zonke iimfihlelo phaya emva, ebezifihliwe yonke le minyaka, kwaye zinjalo. . .Laa phiramidi inkulu yexesha yabethwa yasuka, ilitye lentloko, yagudiswa ukuze iNkwenkwezi kaDavide izinze endaweni yaYo. Kwaye iBanda elikhulu likaThixo ophilileyo liyakuphakanyiswa njengamaphiko okhozi, lithwalelwe phaya ngaphesheya eBuqaqawulini. Ewe.

²⁵⁸ Kungokunje, kungokunje, emizimbeni yethu: sinokuthetha ngeelwimi ezintsha; sinokuprofeta, nokubona okungaphambili; ukubeka izandla phezu kwabagulayo, baze baphile; ihlabathi, lifile, nazo zonke izinto zehlabathi. Sidlule ekufeni sangena eBomini, kwaye ngoku sinawo amandla. Haleluya!

Ngaloo ntsasa yovuko,
Xana amatywina okufa aya kuqhekezwa,
Siyakuvuka, (Haleluya!) siyakuvuka. (Amen!)

²⁵⁹ Akukho mademoni aneleyo esihogweni okusithintela ukuba singayenzi. Samiselwa kwangaphambili nguThixo ukwenzela leyure. ILizwi likaThixo liZibonakalalisa kanye ngathi. Kwaye siphila kuBukho bukaThixo, ngeLizwi lesithembiso likaThixo. Akukho demoni esihogweni elinokundithentela ekuvukeni. Akukho mnyango onokuvalwa ebusweni bam, ngaloo ntsasa. Amatywina aqhaqhiwe. Haleluya!

²⁶⁰ Ndikhululekile. Ndilukhozi. Andisekho sekhejini, kodwa ndikhululekile. Ndivukile kwabafuleyo, ndangena kuBomi obutsha bukaYesu Kristu. Ayindim ndedwa, koko yonke indoda, abafazi, inkwenkwe okanye intombazana ehleli apha, ethe yazaliswa kulaa Moya kaThixo, sisidalwa esitsha kuKristu. Kwaye ulukhozi.

²⁶¹ Siyaphila, namhlanje, yaye sonwabele uvuko ngonaphakade. Ngokuba Ephila, nathi, siyaphila. Kwaye Uyasiphilisa, esenza siphile. NoMoya owaMvusayo kwabafuleyo, ehleli ngaphakathi kwethu, uya kuyenza iphile imizimba yethu enokufa, ngaloo Pasika inkulu yaNaphakade. Uzuko kuThixo!

²⁶² Owu, thabatha ihlabathi, thabatha nantoni na oyifunayo, kodwa ndinike uYesu. Amen. NdiyaMthanda. Ulihlabathi lonke, kum.

²⁶³ Kwaye ngenxa yokuba uyinxalenye Yakhe, ndiyinxalenye yakho, kwaye uyinxalenye yam. Kwaye, sikunye, siyinxalenye Yakhe.

264 Owu, mKristu, elinjani lona ithuba esinalo! Sinamathuba awayengazange aphuphe ukubanawo uPawulos oNgcwele. Sinamathuba awathi u-Enoki, no-Eliya, nabo bonke abangazange babe nawo. Amathuba esinawo ngoku!

265 Kwaye kukho igusha enye phaya ngaphesheya kwenye indawo, kwaye Akanakwaneliseka ide loo gusha ingene ebuhlanti. Ngoncedo lukaThixo, nangombono, no ITSHO INKOSI, ndibuyela ngaphesheya kolwandle. Laa gusha incinane yokugqibela isenokuba yemnyama phaya ezantsi, ngako konke endikwaziyo, apho bangacingi nokuba banomphefumlo. Kodwa uThixo wazi okwahlukileyo. Ndizakufuna kude kube yimini yokugqibela yobomi bam, ukufumana leyo, nokuba iphi na.

266 Ndiyathemba ukuba andizange ndikhubekise namnye kubazalwana bam ngokuthetha ezi zinto zingqongqo. Ndi...Hayi njengokuba ndingafuni ukuba uye ecaweni. Ngokuqinisekileyo, ndifuna uye ecaweni. Uya ecaweni naphi na apho uya khona. Kodwa musa ukuvumela oko kube lithemba lakho, uthi, “Ke, ndingowale, okanye ndingowaleya.” Owu, mzalwana, dade, yiba ngokaKristu. Yiyani ecaweni, kodwa nibe ngabakaKristu. Amen.

267 Vumela okuya—vumela okuya kunokwenzeka, ukuba oko akukho kuwe, vuselelekela eBomini ngoku. Akunakuwamnkela nje Wona ngoku?

268 Eli gumbi lizele Ngawo. NdiyaWeva konke phezu kwam. Ndiyazi ukuba Alapha, amandla kaThixo, iMboni enkulu yemibono, uMxeli kwangaphambili omkhulu onokuxela izinto kwaye akaze asilele, umkhulu Lowo onokuthetha kwaye akukho mntu unokuthi ingu “hayi,” uMntu unokuvula kwaye akukho mntu unokuvala. Lowo wayefile uyaphila ngoku, kwaye uyaphila, namhlanje, apha ePhoenix, ehamba phakathi kweentyatyambo ezisandula ukuzalwa.

269 Akumangalisi, ngaloo ntsasa yePasika amathontsi amancinane ombethe ayelele kwisidleli ngasinye seenyibiba nawo wonke umfiyo. Ngokuba? Yayisazi ukuba yakhutshwa emhlabeni, kwaye kwindawo ethile kukho intyatyambo enguNaphakade edubulayo. Iyakuthatha indawo yayo ngenye imini. Injalo nto.

270 Akumangalisi ukuba iinyembezi zovuyo zisehla ezidleleni zethu. Akumangalisi, iintliziyo zethu ziyankwatyya kwaye zingcangazele xana sinokuwava loo mandla okwenza kumila kumbi esiza ebomini bethu kwaye esizalisa, nangokusivumela ukuba sithethe ngolwimi oluvela eZulwini.

271 Sidliswe ubomi kakhulu eBukhoneni Bakhe phaya, profeta, ubone kwangaphambili, uxele kwangaphambili, nayo yonke into ibetha ngokugqibeleleyo neLizwi. Ukuba iprofeta ngokuchasene kOkuya, musa ukuyikholelwa. Kodwa ukuba ikunye neLizwi, Sele kuthiwe, ITSHO INKOSI.

272 “Musa ukoyika. NdinguLowo wayefile, kwaye uyaphila ngonaphakade.” Elo litywina lePasika likaThixo elitywina wonke umbhalo weli Lizwi entliziyweni yakho. Yintoni itywina? “Niziincwadi ezibhaliweyo, ezifundwa ngabantu bonke;” Uyakwazi oko. Kodwa xana uThixo wakubanga, Wakutywina ngetywina lePasika, ukuba uvuswe kunye noKristu, kwaye usisidalwa esitsha.

273 Ukuba ubungekatywinwa ngale ntsasa, yenza njalo ngelixa sisathobe iintloko zethu.

274 [Umzalwana uqalisa ukuthetha ngolunye ulwimi. Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . Nkosi. Uyayiva loo nto?

275 Cinga ngoku, ngeentloko zenu zithotywe. AmaRoma 8:11, “Ukuba ke ungaphakathi kwenu uMoya owamvusayo uKristu kwabafeyo, Uya kuyenza iphile imizimba yenu efayo.”

276 Yintoni esinokukhangela phambili kuyo, bantu? Yintoni phaya eseleyo? Jonga iFormosa kunye nehlabathi liphela. Kwaye iintolomlilo ze atom nayo yonke engenye isele ilungele ukubetha ihlabathi, kwaye nje nolungako uvalo, nokoyika, nokukhala. Kwaye le midlalo bhanyabhanya ilinganisayo iyaqhubeka, phandle phaya, ixela zonke iintlobo zeziqhulo, kanye njengenkwenkwana idlula emangcwabeni, ibetha umlozi ebusuku, izama ukwenza abantu bakholwe ukuba yonke into ilungile. Musa ukukhohliswa. UKuza kweNkosi kusondele.

277 Uyaqaphela, ngenye imini, umlobi othile weza wandixelela, ehleli ezantsi phaya echwebeni, ukuba, uhlobo oluthile lwenqaku elirhabaxa okanye into ethile eyenye apha ezantsi. Kwaye nendlela, oko, ixesha elide ngaphambi kokuba loo nyikima yanyikima eGrisi, zonke iintlanzi ezidla ngokutya malunga nelo xesha kusasa, azizange zitye. Yayiyintoni? Zazingekho kumphezulu. Ityeli lesibini isenzeka, into ekwanye yenzeka. Wayesazi kwangoko ukuba kukho into ezakwenzeka. Ezo ntlanzi zazingatyi ngelo xesha.

278 Kwaye onke amangabangaba nezinto ezitya intlanzi, ayeka ukutya. Ngaloo ntseni kusasa, kuxa atyayo. Ahlala nje phezulu elunxwemeni, emka emaweni nezinto ezinjalo. Kuba, kwimizuzu nje embalwa, ubulembu baselwandle baqalisa ukubila buphuma emhlabeni, busuka kumandlalo wolwandle. Yabona? Ezo ntlanzi zayazi ngaphambi kokuba yenzeke.

279 Ukuya e-Indiya, ndafunda iphepha, lathi, “Inyikima kufanele igqithile.” Iintsuku eziliqela, iintaka ezincinci azizange zibuyele kwiindlwane zazo ematyeni. Inkomo bezingayi kuma zijikeleze ikhusi phantsi. . . emthunzini, ebushushwini bemini. Iigusha zema kanye kwidlelo eliphakathi, zeyama enye kwenye. Zazingayi kuya ngasematyeni, iintsuku ezimbini okanye ezintathu ngaphambi kokuba inyikima yenzeke.

280 Ngokuba? Ezo zimvu zaziyazi. Zazisazi ukuba kukho into eyayiza kwenzeka. Ezo ntaka zazisazi ukuba kukho into eza

kwenzeka. Loo mangabangaba ayesazi ukuba kukho into eza kwenzeka. Ezo ntlanzi zazisazi ukuba kukho into eza kwenzeka. Ikwanguloo Thixo owakhokelela ezo zilwanyana emkhombeni.

²⁸¹ Aniboni, bantu bazaliswe nguMoya, kukho into elungiselela ukwenzeka? Sanukujonga into enkulu yehlabathi lonke *into ethile* etshayelayo; akukho nto ingekuko ukuBuya kweNkosi uYesu. Khumbulani, khumbulani nje aMazwi nedinga leNkosi.

²⁸² Awuyi kungena ngokukhawuleza? Suka kwezo ndonga zinkulu. Uvuko lusemnyango ngoku. Ukuba kukho umntu apha ongaziyo ukuba uyakuya kolo vuko, kwaye bengaqinisekanga ukuba banawo lomandla ovuko ehleli kubo!

²⁸³ Nangona iimpethu ziwonakalisa, nangona ibhombu ye athom igqabhuka embindini wakho, ayisokuze itshabalalise oko kudlisa ubomi, amandla ovuko. Hayi hayi. Dade, mzalwana, igama lakho elixabisekileyo libekwe kwiNcwadi yoBomi yeMvana phaya phezulu. Akukho mntu unokulikhuhla liphume. Akukho sikhuhli saneleyo, ehlabathini, sokukhuhla igama lakho liphume eNcwadini apho iGazi Lakhe lilithengile.

²⁸⁴ Ukuba awuqinisekanga ngaloo nto, musa—musa ukuthatha ithuba kuyo ngoku. Yabona? Unokuthatha ithuba lokubaleka kwindawo evaliweyo kwindawo ethile kwaye ungabulawa, kodwa awuzukubaleka udlule kulo mqobo. Hayi, hayi. Uya kuyifumana. Akuyi kufuneka. Kukho isibane esibomvu esidanyazayo ngoku. Dlula, gqitha ezakho iimbono, zidlule izinto zehlabathi.

²⁸⁵ Yiza. Masivuswe kunye kweli xesha likhulu lePasika, umbhiyozo omkhulu wePasika. Ingaba ungayibhiyozela entliziyweni yakho kule veki? Ukuba awukwazi, ungasiphakamisela nje isandla sakho kuThixo?

²⁸⁶ Yithi, “Thixo, andiqinisekanga ngayo. Andazi nokuba ndingayenza yonke loo nto okanye hayi. Ungandinceza? Ndizakuphakamisela isandla sam kuWe, Nkosi. Ndincede.” UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Ilungile lonto. “Ndi—ndi—ndifuna Wena, Nkosi. Ndincede. Ndi—ndifuna—ndifuna ukuvuswa. Ndi—ndifuna ukuba. Ndifuna ukuba nezinto ezinokwenzeka ngoku. Ndifuna ukwazi ukuba ilungile. Ndifuna ukwazi ukuba ilungile, Nkosi. Ndiyazi, andikwazi ukwenza iimpaz- . . .” Awufuni mpazamo ngoko. Ayizukuba . . . kuyakuba semva kwexesha kakhulu. Ngoku yimini. Bethu! Ngoku yimini. Musa ukulinda.

²⁸⁷ Kungekudala, ndandishumayela. Kwakukho indoda endala entsundu evela phaya emva kwesakhiwo, yadibana nam. Yathi, yathi, “Mfundisi, ndifuna ukukuxelela. Ndithi wena ulungile.” Yathi, “Ndandisele ndiyixelele iNkosi, kwixesha elide elidlulileyo, ndifuna itikiti lam esandleni sam ngaloo ntsasa. Ndifuna ukwazi ukuba liphawulwe ngokufanelekileyo.” Yathi, “Kuza kuba yingxaki enkulu phaya ezantsi emlanjeni.”

Yathi, “Ndi—ndi—ndehlela emazantsi, alaa mlambo.” Yathi, “A— andifuni nkathazo phaya. Ndifuna ukuyilungisa yonke le nto kanye apha.” Injalo lo nto.

²⁸⁸ Unayo ivisa yakho? Ukuba awunayo ivisa yakho. . . Unokuba nencwadana yokundwendwela, kodwa, ukuba awunayo ivisa yakho, awukwazi ukungena kuMhlaba. Uyakwazi oko. Uyilungisile yonke into yakho? Ukuba akunjalo, kanye ngoku lixsha lokuyenza.

²⁸⁹ Musa ukoyika, ukuba unoloyiko oluncinane. Ngoku, kukho malunga ikhulu lezandla ezithe zanyuka phakathi apha. Ke ukuba unoloyiko oluncinci, ngoku masiyilungise.

²⁹⁰ Ngoku, ndiyazi ukuba sineendlela ezahlukeneyo. Abanye abantu bathi, “Nyuka, mandixhawule isandla sakho.” Abanye bathi, “Nyuka, uguqe esiguqweni.” Ngoku, zona zilungile. Andinalo nelizwi elinye endinokulithetha ngokuchasene nayo, konke konke, akukho kwanto, nantoni na abanokuyithetha.

²⁹¹ Kodwa mandikuxelele nje indlela yam. “Njengoko abaninzi bakholwayo, njengoko abaninzi. . .” Ukuza esiguqweni akuyi kukwenza ukuba ukholelwe. Ukuxhawula izandla nomlungiseleli akuyi kukwenza ukholelwe. Kodwa ukuba ubizwe nguThixo, kwaye ulukhozi, indawo yokuqala, isikhalo nje siyakuxelelela. Uyakukholwa. Ukuba uyayikholelwa ngenene, ndiza kuthandaza kunye nawe.

²⁹² Ungafane ucinge ukuba olwakhosi luncinci luhlala kwakhona kula hoko? Hayi hayi. Huh-uh. Hayi. Musa ukuqhubeka ukuhlala apha nakanye, sihlobo. Masi— masixwilweni ngoku. Ubabalo lukaThixo lulapha ukuze luyenze.

²⁹³ Bawo oseZulwini, siyaqonda ukuba siyehla ukuya kwiyure yokuvala. Asinaxesha lide ukuba sibe lapha ngoku. Hayi ngokweminyaka yethu, kodwa ngelo xesha. Siyakholwa ukuba baninzi abantu abatsha abahleli apha, abazakuba bephila xa oku kusenzeka. Isenokwenzeka nanamhlanje. Asazi umzuzu okanye iyure. Kodwa, Nkosi, Usixelele, “Xana nibona ezi zinto zisenzeka,” kwaye kudala zisenzeka ngoku.

²⁹⁴ Siyazi ukuba sidlule kakhulu, ngokutsho kweenzululwazi. Kwiminyaka emithandathu, esixhenxe eyadlulayo, sasisele siyimizuzu emithathu ukuya ezinzulwini zobusuku. Asazi ukuba lingakanani ixesha elo, liqhubeka, kodwa siyazi ukuba silapho.

²⁹⁵ Owu Thixo, ukuba neso siqinisekiso: ukubona ukuba intliziyo yethu ingqina lonke idinga likaThixo “amen,” ukubona ukuba uMoya ngokwaWo, ongene kuthi, udlisa ubomi iziqu zethu.

²⁹⁶ Thixo, vumela abazalwana bam babone loo nto, ngale ntsasa. Yenza abazalwana bam babone oko, ukuba laa Moya uyangena udlisele ubomi eLizwini. Yenza oodade bam babone kwa into

enye, Nkosi. Kwaye ngoko, ukuba babona into ethile engayi kudlisenela ubomi kwelo Lizwi, Owu Thixo, banga bangohlukana nayo ngokukhawuleza. Siphe oko, Bawo. Konke kusezandleni Zakho ngoku. Ndiyazi ukuba ndisilele kwizinto ezininzi, kwaye ndiqhubeleka ndisilela, kodwa, Nkosi, ndikwenzile konke endikwaziyo ukwenza. Ngoku kusezandleni Zakho. NgaBakho. EGameni likaYesu, bamnkele, Bawo.

²⁹⁷ Ngoku kuwe olapha kwaye udinga ukuphiliswa komzimba wakho. Mangaphi amakholwa alapha? Phakamisa isandla sakho. “Ndilikholwa, ngokokwazi kwam intliziyo yam.” Bangaphi abanayo? Uyazi, ngaphandle kwethunzi lentandabuzo, ukuba entliziyweni yakho, khona ngoku, uvusiwe kwabafileyo? Uyazi? Owu, bethu! Yintoni enokwenzeka kumhlangano onje ngoko? Ndiyazi ukuba ndishiywe lixesha, kodwa kunokwenzeka ntoni ngoku? Khawucinge nje ngento enokwenzeka. Izinto ezinokwenzeka zilele kanye kuwe. Yabona? Wena, nesandla sakho phezulu, uthathe njenge—njengesifungo, kuThixo, ukuba, “Ndiyazi ukuba kufakeho into eyenzekayo kum. Ndisenokuba kanye apha bendifanele ukuba khona.”

²⁹⁸ Nam andinjalo. Hayi, mhlekazi. Ndikude kakhulu apha ndifanele ukuba khona. Kodwa ndiyazi le nto inye, ndidlule ekufeni ndangena eBomini. Ndiyazi ukuba kukho into eyenzekayo kum. Emininzi. . . Hayi njengexhego ngoku, kodwa kwiminyaka emininzi eyadlulayo, yenzeke.

²⁹⁹ Kwaye ndiyazi ngala mini, xa ndandingena kweso sibhedlele, xa ndandinomngeni wam *omkhulu*, Ndandibone unkosikazi wam esifa, mna ndibiza ubomi bakhe, “Kwaye yintoni endiyenzileyo kuphela kukuma ekoneni yesitrato ndishumayele, ndithandazele abagulayo?”

Emva koko uSathana wathi, “Ke, Akayi kuwuphendula umthandazo wakho.”

³⁰⁰ Ndambona esifa, kodwa ndiyazi ukuba kuye kwakukho loo mandla ovuko. Amathambo lawo aya kubuya avuke.

³⁰¹ Ndabona usana lwam lulele apha. Kwaye ndibeka isandla sam ngaphezulu, ndithi, “Thixo, musa ukuluthatha.”

³⁰² Kukhangeleka ngathi Watsala umkhusane, wathi, “Andisayi kuphinda ndikuve.”

³⁰³ USathana wathi, “Nantso ke. Ilizwi elinye nje. . .” Wayesazi ngcono kunokundixelela ukuba kwakungekho Thixo, kuba ndandiyazi loo nto. Kodwa wathi Akandithandi, Akandikhathalelanga. Yabona? Sonke isizathu, wathi, “Usengumfana nje, kodwa uneminyaka engamashumi amabini ubudala. Nanko umfazi wakho elele apha kumzi wogcinozidumbu. Kwaye nalu usana lwakho lusiya phaya. Kwaye—kwaye nje. . . Wathi Yena wayenguMphilisi omkhulu, kwaye Ukuko konke *oku*. Kwaye, khangela, wenza ntoni Yena? Ilizwi elinye, Akayi kunyanzeleka ukuba alithethe, jonga nje phaya

ezantsi aze athi. Nqwala nje intloko Yakhe, kuko konke okuyakwenzeka, kwaye luyakuphiliswa. Kodwa, uyabona, Akakuthandi. Akakukhathalelanga. Ukuvumela usana lwakho lufele khona phaya ngoku, kwaye kwa ukwala ukuwuva umthandazo wakho kule yure yobumnyama.”

³⁰⁴ Yonke into awayeyithetha yayiyinyaniso ngokupheleleyo. “Ke yintoni oyenzileyo? Sebenza imini yonke, de kube nzima ukuba uphakame. Kwaye emva koko ndihlale ubusuku bonke, kude kube yeyeshumi elinesibini neyokuqala intsimbi. Ndimi ezikoneni zezitrato, ndishumayela. Ukuya kwababizayo esibhedlele. Ukungena nje ndihlale phantsi, isitulo, ndihlale phaya kwaye ndilale iyure okanye ezimbini, kwaye ndibuyele emsebenzini kwakhona. Kubusuku obulandelayo, into enye. Kwaye naku ulapha, umalunga namashumi amabini ananye, amashumi amabini anesibini eminyaka ubudala. Sonke isihlobo, lonke inenekazi eliselula, wonke umfana owakhe wanxulumana naye, wakubiza ngokuba uligeza eliphambeneyo. Ingaba wenze ntoni? Uzenze isidenge. Awuyiboni?” Ndandisele ndikulungele ukuvumelana naye.

³⁰⁵ Kwaye iNto ethile ezantsi kum, oko yayingalamandla adlisa ubomi. Ndathi “INkosi inikile, kwaye iNkosi ithabathile. Malibongwe iGama leNkosi.”

Xana onke amathemba am ephela,
Emva koko Ulithemba lam lonke kwaye
nokuxhasa.

Kuba kuKristu, i . . .
[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . .
intlathathi ezikayo.

Owu, Uya kuza ngesandi soloyiso,
Ngoko ndinga ndingangena—kuYe
ndifunyanwe,
Ndisongelwe ngeengubo zobulungisa Bakhe.

³⁰⁶ Hayi kokwam; Andinayo nayiphi na. Eyam imdaka, amadlavu amdaka. Bendiya kukuthiya ukuzama ukuya eZulwini ngokushumayelo kwam. Ndikuthiyile ukuzama ukuya eZulwini ngemibono yam. Ndiya eZulwini kuba ndibambe ubabalo Lwakhe entliziyweni yam. Ubabalo Lwakhe, kungenxa yoko ndihamba. Yindlela esihamba ngayo.

³⁰⁷ Owu, sihlobo, uyinxalenye yalo Mzimba. Ningabantwana bakaThixo abancinane. Ngoku, ndithetha oku ukwakha ithemba lakho. Ukuba ufumene . . .

³⁰⁸ Ukuba ndithe ndababalwa nguwe, ndakuxelela iNyaniso . . . Kwaye into endikuxelele yona, ko—kokuthethwe ngumprofeti, kwiminyaka eyadlulayo. Andizenzi umprofeti Wakhe. Hayi, mhlekazi. Kodwa ndinixelela iNyaniso. Ingaba Wakha wathetha enye into engeyiyo elungileyo? Ndinazile ngoku isithuba seminyaka engamashumi amabini anento, apha

ePhoenix, kusukela laa ngoma, *Ndingathanda Ukuyithetha IPhele Kunye NaYe*, ngaphaya kwinkonzo kaMzalwana u-Outlaw, ndiyakholwa yayiyiyo, noMzalwana uGarcia. Ingaba ndakhe ndanixelela nantoni na eGameni leNkosi kuphela oko kwenzekileyo?

³⁰⁹ Khumbula, linye kuphela ithemba. Fumana la mandla adlisa ubomi. Ayakukubamba. Xa yonke enye into ihambe ngendlela, Iyakubamba.

³¹⁰ Abanye babo bathi, “Ingaba uyigcinile inkolo yakho, Mzalwana uBranham?”

Ndathi, “Hayi. Yandigcina.”

³¹¹ Iyandigcina. Andiyigcini. Ayikokuba ndibambebele, okanye hayi. Kukuba Wabambebele, okanye hayi. Nguye obambebeleyo ukwenzela mna.

³¹² Wayenganyanzelekanga ukuba enze njalo. Iingelosi zazibekwe kuyo yonke imithi, zathi, “Tsala nje iminwe yakho ikhululeke. Khomba nje; akuyomfuneko ukuba uyithabathe emnqamlezweni. Khomba nje umnwe wakho, kwaye ujonge ukuba yintoni na.” Yabona, elaa qela lihlekisayo. Kodwa ukuba Wayekwenzile oko, ngendingazange ndibe nobu bungqina namhlanje; ubungayi kubanakho ukuba nabo. Kodwa ngenxa yokuba Wahlala emnqamlezweni, Wabambelela apho, yiyo loo nto ndibambebele naYe.

KuKristu, iLiwa eliqinileyo, ndimi;
Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

³¹³ Ngoku, ukuba uyagula, ungabeka izandla zakho komnye nomnye. Masithandazeni. Beka nje izandla zakho kumntu osecaleni kwakho. Nokuba yintoni engalunganga kuwe, yiba nokholo ngoku. Ukuba ndakhe ndanixelela iNyaniso, ndiyanixelela ngoku. Yabona? UYesu wathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.” Kwaye ningamakholwa, niphakamise nje izandla zenu. Musani ukuthandabuza. Kukho umntu ohluphekayo obeke izandla zakho kuye. Umntu othile ubeke izandla zakhe kuwe.

³¹⁴ Khumbula la mandla adlisa ubomi, loo mandla amvusayo uYesu engwabeni. Ngoku unokholo kwinto onayo kumzimba ongowakho—wakho. Kuya kumnceda loo mntu ubeke izandla zakho kuye. “Ukuba Uhleli kuwe, Uyakuyiphilisa imizimba yenu enokufa.”

³¹⁵ Thixo othandekayo, njengokuba ndimi apha kusanje, ekusondeleni ixesha lasemini emaqanda, xana kumalunga nale yure mhla wadanduluka ngayo uYesu, “Thixo wam, Thixo wam, UNdishiyi ngani na? Ndinxaniwe.” Akumangalisi, umprofeti wakubona kwangaphambili oko, wathi, “Onke amathambo am, andijamele. Bagqobhoza izandla zaM neenyawo zaM.” “Kodwa Yena wabalelwa nabakreqi. Kodwa Uhlatywe ngenxa yezikreqi

zethu. Watyunyuzwa ngenxa yobugwenxa bethu. Ubetho lokuba sibe noxolo thina lube phezu Kwakhe, kwaye ngemivumbo Yakhe siyaphiliswa.” Sibanga oko, ngale ntsasa, Thixo. Sibanga oko.

³¹⁶ Ngentsasa yolu vuko, qaphela, leNyaniso ingqinelweyo ndiyithethileyo, Nkosi, evela kwiLizwi Lakho, eBukhoneni bukaThixo. UnguMgwebi, kwaye singamangqina okuba Usihlangule. Kwaye kuthi kulele, ngobabalo lukaThixo, loo mandla avusayo. Kwaye abahlobo bethu bayagula, lowo izandla zibekwe phezu kwakhe.

³¹⁷ Owu Thixo, simcela umngeni umtyholi, phakathi kokholo lwethu ngale ntsasa, ngezandla phezu kwabantu, mna ngezandla zam zolulelwe phezu kwabantu. Makuthi sonke isifo, zonke iimbandedzelo ezizama ukubamba abantu, kubukho bale Nyaniso ingqinelweyo, ziphume. EGameni likaYesu Kristu, banga abantu bangakhululwa namhlanje. Oko, iBhayibhile, aMazwi kaThixo wethu athe, “Ukuba bathe babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila.” Kwaye izandla zethu beziphezulu emoyeni, zibheke kuWe, Thixo.

³¹⁸ Njengoko sonke isityalo somhlaba sisela emthonjeni Wakho, kwaye ngokuqiniseka njengoko eso sityalo, esintshulileyo, sisela kumthombo Wakho, siqalisa ukukhula. Siqalisa ukukhula. Isiqu sombona, intyatyambo, nokuba yintoni na esela emthonjeni Wakho, ikhulela ngakuWe.

³¹⁹ Kwaye ngale ntsasa, sikhule, ii-intshi, Nkosi. Sinako ukufikelela phezulwana. Sisela emthonjeni Wakho. Sizizidalwa Zakho, sinamandla ovuko ngaphakathi kwethu, Nkosi. Kwaye siyathandaza ukuba Uwuve umthandazo wethu wabazalwana noodade bethu. Kwaye yanga yonke inkxwaleko, ethintela abantu bathandekayo balapha banala mandla, Nkosi, bakhulule, ukuze babe nokukhonza uThixo. Kwaye kuyakulunga, Nkosi. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

³²⁰ Uyakholwa kuYe? Shiya into enje? Ungayenza njani loo nto? Kufuneka nje, ukhangeleke ngathi, uzitsalele kude nje. Ingaba nawe uvakalelwa ngaloo ndlela? Ndi—ndi—ndi... Isenokuba ndim nje, ukuba ndi... Kodwa ndaba nemvakalelo, imvakalelo nje engaqhelekanga ndakufika phakathi kwabantu, apho nihlala kunye ngolu hlobo. Ndiyazi, ndaweni ithile, ayibonakali apha; kanye njengonomathotholo, umabonwakude, nokuba yintoni na, zidlula kweli gumbi; UKristu ukweli gumbi. Khawucinge nje, uMhlawuleli wethu! Tony, Ulapha. Amen.

³²¹ Kwaye ngubani onokuba nolonwabo kakhulu kunabantu abanayo, ngobungqina beBhayibhile balo lonke iLizwi likaThixo libonakaliswa, ukubona nakwiiNgelosi noBume Bakhe, njengoko benzile nge—ngezigaba! Kwaye apha, aMazwi eemboni, aqikelele kwaye enzeka kanye ngokuchanekileyo. Kwaye silapha phambi koKuza Kwakhe. Owu, elinjani lona ukumangalisa ixesha!

³²² SiyakuMbona. Ngolunye lwezi ntsuku, Uyakuba lapha. Ade Afike, ningandithandazela? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndimanzithinzithi eengozi phambi kwam. Ndiyayazi. Yabona? Kwaye ndihlangana nabahedeni abangakudubula, ngokufanayo nokusela amanzi, kwaye uhlawulelwe nje ngalonto. Yiza emhlabeni wabo, iidemon eziyakucela umngeni eBhayibhileni, ngokulula nje. Kodwa andizange ndilibone ixesha kuphela oko uThixo wethu waphumelela uloyiso. Ndiya eGameni Lakhe, eGameni leNkosi uYesu Kristu, ithemba loBomi obunguNaphakade, uvuko noBomi. “Lowo udla ubomi ekholwa kuM, nokuba ubethe wafa, wodla ubomi. Kwaye nabani odla ubomi ekholwa kuM, akasayi kufa naphakade;” Ndiyakholwa elo ukuba liLizwi likaThixo elinguNaphakade. Ingaba nani nikholelwa okufanayo? [“Amen.”] Ingaba niya kundithandazela? [“Amen.”] Ndiya kunithandazela. Wanga uThixo angasigcina side sidibane kwakhona.

³²³ Ngoku masime ngeenyawo zethu, umzuzwana nje. (Unayo into ofuna ukuyithetha?)

Masithobeni iintloko zethu.

³²⁴ Ibingayi nje kulunga ukuba singayiculi le ngoma incinci, akunjalo? Khumbula ingoma yethu ethi, *NdiyaMthanda*, ingaba ikuyo yonke intliziyo? Masiyicile nje. Dade, sithandwa, ungenza njalo. . . Ndifuna ukuthi, ndiyabulela ukudlala kwakho, nawe, dade. Konke kulungile.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
ngokuba waNdithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini weKhalvari.

Ngoku siza kutshintsha ingoma.

Ukholo lwam lukhangele kuWe,
Wena Mvana yaseKhalvari,
Msindisi oNgewele;
Ndive ngoku ndithandazayo,
Owu, susa lonke ityala lam,
Owu, ndivumele ukusukela namhlanje
Ndibe ngoWakho ngokupheleleyo!

³²⁵ Ingaba oko akwenzi nto kuwe? Bangaphi abathanda loo ntliziyo yokwenyani. . . Ndi—ndi—ndiyazithanda iingoma zentlokomo. Ngokuqinisekileyo, ndiyayenza. Kodwa xana ukumoya wokunqala, akuwathandi loo maculo amadala amnandi? Ndiyakholwa ukuba uMoya oyiNgewele wahamba phezu kuka-Eddie Perronet kunye nabo babhala ezo ngoma zinnandi zindala. Ingaba awuyikholelwa loo nto? UFanny Crosby, xa wabhala:

Ungandedluli, bethu, Owu Msindisi
onobubele,
Kuve ukukhala kwam okuthobekileyo;

Ngelixa Ubiza abanye,
Ungandedluli.

Wena unguMsinga wayo yonke intuthuzelo
yam,
Ngaphezu kobomi kum,
Ndinabani na ehlabathini ngaphandle
Kwakho?
Okanye ngubani na eZulwini, ingenguWe?

³²⁶ Ingaba akumangalisi oko? Oko kusenza sifune ukucula *NdiyaMthanda*, ayinjalo? Ngoku, ngeli xesha siculayo ngeli xesha, *NdiyaMthanda*, mase...Siyathandana. Ukuba asithandani, ngoko asinakuMthanda. Ngoku masixhawulane isandla nje omnye nomnye. Yimani nje, nifikelele nje etafileni ndaweni ithile, nixhawulane, omnye nomnye.

Ndi...(...?...)
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini weKhalvari.

Masithobe intloko yethu ngoku.

³²⁷ Ndizakucela uMzalwana uWilliams, uMzalwana uWilliams oselula, ukuba eze apha umzuzwana nje. Ndizakumcela ukuba angabandulula aba baphulaphuli ngomthandazo.

³²⁸ Ndiyamthanda uMzalwana uWilliams, umKristu oselula, endicinga ukuba ngokunyanisekileyo usisicaka sikaKristu, usapho lwakhe oluncinane. Ndinobudlelwane obuninzi naba. Kwaye loo makhwenkwe axabisekileyo akwaMoseley nabo bonke, besikunye, kunye nabaninzi kakhulu babahlobo bam abathandekayo apha ePhoenix, endibathanda ngentliziyo yam yonke. Ndiyacinga, ngaloo ntsasa kuloo mbono, Wathi, “Konke owakha wakuthanda, nabo bonke abakuthandayo, uThixo ukunikile.”

³²⁹ Ndiyakholwa umntu olapha oguqukayo kwisono sakhe, ezantsi emgangathweni, inenekazi eliselula lilila.

Masithobe iintloko zethu umzuzwana ngenxa yakhe.

³³⁰ Thixo othandekayo, ingaba yilaa gusha incinane ibishiyiwe ePhoenix? Andiyazi, Nkosi. Uyazi. Kodwa, ngenye imini, iya kuba yiyo. Kodwa, Bawo, le, akukho ntandabuzo, yenye. Ke ndiyathandaza ukuba Umncede, khona ngoku. Livule kamnandi isango, uthi, “Yiza, mntwana waM. Ngena uvela kwindlela ediniweyo, eqobayo indlela. Ubukhubeka phaya phandle ebumnyameni. Ndiyaphuma, namhlanje, ukuza kukulanda. NguMoya waM lo uthetha nawe kwaye ukungenisa emhlambini ngoku.” Siphe oko, Thixo. Wanga lo mfazi uselula...nje ekudibaneni kweendlela zobomi apha. “Lowo uyakuva aMazwi aM, kwaye akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade.” Siphe oko, Thixo othandekayo, kulo mKristu uselula. “Lowo uyakuza kuM, aNdisayi kukha

ndimlahlele phandle.” Ngelixa abangcwele bemi phezu komfazi oselula, bethandaza.

³³¹ Khumbula, nkqu noPawulos, owaxulutywa ngamatye kangangokuba wayesifa, kwaye xana abangcwele bema ngaphezu kwakhe bathandaza, ubomi babuya. Ngokuba, kuloo mizimba yabo bangcwele kwakukho la mandla adlisa ubomi awabuyisela umoya wobomi kuPawulos oNgcwele. Thixo, ngokuqinisekileyo yayinokuthandaza umthandazo, wokufa kuphume kwi...okanye ukufa kuphume emntwini, ngomthandazo wokholo, osa ebomini. Siphe oko, Thixo othandekayo.

³³² Sisikelele ngoku njengoko silindele kuWe. EGameni likaYesu Kristu, siyathandaza.

³³³ Ngoku iintloko zenu zithotywe, ndizakucela uMzalwana Williams. 🐦

65-0410 Itywina LePasika
e-Ramada Inn
e-Phoenix, e-Arizona U.S.A.

XHOSA

©2025 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org